



URhulumente  
weNtshona Koloni

UPhuhliso loLuntu

# IsiCwangciso Sentsebenzo Yonyaka

## 2019/20





**URhulumente  
weNtshona Koloni**

UPhuhliso loLuntu

**UBAMBISWANO NGAMANDLA**

**URhulumente waseNtshona Koloni  
ISebe loPhuhliso Loluntu  
IsiCwangciso Sentsebenzo Yonyaka  
2019/2020**

## Isibhengezo

Inguqulelo yesiNgesi yesiCwangciso sentsebenzo yonyaka sithatyathwa njengcwadi yesikhokelo esisemthethweni. ISebe alinakubekwa tyala ngokungatolikwa kakuhle ekunokuthi kwenzeke ngexesha kuqhutywa uguqulelo.

Esi siCwangciso sentsebenzo yonyaka siqulunqwe luCwangciso loShishino neCandelo leNtloko yesiCwangciso, iSebe loPhuhliso Loluntu

Ukufumana iikopi ezongezelelweyo zeli xwebhu nceda unxulumane:

iNtloko yeSebe

ISebe loPhuhliso Loluntu

Private Bag X9112

Cape Town

8000

South Africa

Umnxeba: +27-21-483 5121

Imeyile: [DSDBusinessPlanning@westerncape.gov.za](mailto:DSDBusinessPlanning@westerncape.gov.za)

PR: 06/2019

ISBN: 978-0-621-47006-2

IsiHloko soShicilelo: Western Cape Government Department of Social Development  
Annual Performance Plan 2019/2020

Inombolo yomnxeba ongahlawulelwayo: 0800 220 250

Umnatha we-intanethi: <http://www.westerncape.gov.za>

## Intshayelelo

### UmPhathiswa wePhondo woPhuhliso Loluntu

Njengoko sicwangcisa ukuba ingayintoni na efaneele ukuba ifakwe kunyaka wokugqibela kolu lawulo, kubalulekile ukuba iSebe liqhubeke ukuhamba ngendlela yethu yobunkokheli obuliqilima nomgaqo-nkqubo oqinisekileyo. ISebe namagosa alo liya kuqhuba ukunikezela ngeenkonzelo, nangona kunokubakho iziphazamiselo ezibangelwa ngunyaka wonyulo.

NjengomPhathiswa wePhondo Lophuhliso Loluntu, ndisebenze ngokungagungqiyo ukuphuhlisa ulawulo, ubunkokheli nokwenza umsebenzi weSebe. Okusembindini kwimizamo yobuPhathiswa kukuqinisa nokwandisa inkqubela phambili njengoko imiselwe kwizicwangciso-qhinga sephondo nesesebe, ngokuhambelana nesigunyaziso somgaqo-siseko wethu, uwisu-mthetho nonyulo.

Eyona nto sigxile kakhulu kuyo kukugcina izenzo ezifanelekileyo zolawulo ezisekelezelele kuhanjiso zinkonzo ezifanelekileyo. Oku kuboniswe luphicotho-zincwadi olucocekileyo olwenziwe ngumPhicothi zincwadi-Jikelele waseMzantsi Afrika (AGSA), ulwamkelo lwesiphumo ngokubonisa indlela yokuthi gqolo siphucula ukuhanjiswa kweenkonzo.

Kunyaka-mali ophelileyo, ndibophelele iSebe ukuba lenze nangaphezulu ukuthobela iimfuno zokuthobela i-AG, ukuphakamisa inani lezinto ezintsha ezenziweyo eziphucula ukuhanjiswa kweenkonzo. Ezi zinto zintsha ziquka inkqubo ye-Eye-On-The-Child kunye nodluliselo oluthe chu lusenzeka kwizindlu zonyango kumdlalo wabantwana kwinqanaba lokuhanjiswa kweenkonzo. Kulo nyaka-mali uzayo, ndinenjongo yokuqhubeka ngokubonelela ngeenkonzelo yezinto ezintsha ezijolise kubantwana nakwiintsapho. Ngale ndlela, iprojekthi yethu yomntwana oyintombazana nayo izakuba yinto ephambili kulo nyaka-mali.

Siya kuqhubeka siphucula izakhelo zolungiselelo zeSebe, ukulungiselela ukukhula kwesidingo kunye neemfuno zokhanjiso lweenkonzo. Uphuculo lweenkqubo zolawulo ngumsebenzi osaqhubekayo, olulawulwa sisidingo ukuqinisekisa ukuba izixhobo zikhokelise phambili eyona misebenzi ingundoqo, ziqukunge yimimiselo yomthetho ochaphazela nokhokela umsebenzi wethu. Ngale ndlela, iSebe liyakuqhubeka ukubeka iliso ngokuchanekileyo ukuze lilandelele ukwenziwa komsebenzi wangaphakathi ngokwamandla walo kwanaloo maqabane ethu emiButho eNgenzi Nzuzo (NPO). Siyakuqhubeka njalo siwubeka phambili umsebenzi wokubeka iliso kwiinkcukacha ezivela kwii-NPO ezingaphezu kwama-2 000 ezinesivumelwano neSebe, ii-ofisi zasekuhlaleni ezingama-45 zokuhambisa iinkonzo, kunye noluhlu lwamaziko okuhlala eqhutywa lisebe labantwana nabantu abadala, ukuphucula iinkonzo zethu.

Nangona imeko yezoqoqosho nemali ihleli kwinqondo eliphantsi, iSebe linyusa izinga lokuphuhlisa intsebenziswano eluqilima nee-NPO ezihambisa iinkonzo ezisemgangathweni onguwo, ngakumbi iinkcukacha zeenkonzelo ezisemthethweni. Obu budlelwane busekelezelwe kumgaqo-nkqubo wokwenza izigqibo zobulumko malunga nomgaqo-nkqubo wethu wenkxaso-mali. Uqaliso lwethu luyakuba sekunikeneni inkxaso-mali kulo mibutho iluncedo ekuhambiseni iinkonzo zethu ezibalulekileyo, ukufezekisa umthamo wokuhambisa iinkonzo zeSebe. Ngaphezu kweminyaka emihlanu edlulileyo, ndithe gqolo ukugcina into ethi inkxaso-mali ye-NPO kufuneka yabelwe kwimibutho ebonisa uhanjiso lweenkonzo nefuthe layo. Ukuzimisela kwethu ngokuqhubeka siphucula uphunyezo lokuhambisa iinkonzo, ngokuhambelana nokunxulumene neemfuno ezisemthethweni, ebonisa ngakumbi njengeSebe lam eliya kunika inkxaso nokwandisa amathuba abantwana nolutsha olukunonophelo lwethu.

Ngokuhambelana neeNjongo zesiCwangciso sethu sePhondo (PSGs), siya kuqhubeka njalo sijolise kulutsha kwaye siqhubeke ukudlulisela kwisiCwangciso soPhuhliso loLutsha lwePhondo (PYDS). Uqaliso lwenkqubo yoLutsha luyakunwenwela kumzila wee-Youth Cafés ukuze iinkonzo zalo, amathuba nenkxaso zifikelele kubantu abaninzi abatsha. Ngale ndlela, siyakusebenzisana nesiXeko seKapa (CoCT) kunye nabanye abasemagunyeni basekuhlaleni ukwandisa usetyenziso lwamaziko onke ngabantu abasebatsha ekuhlaleni ngokubanjulumanisa nendawo ye-Youth Cafés. Kwakhona siyakuqhubeka sisizisa amaqabane ecandelo labucala kwaye siveze nezinye iinkqubo ezamkelekileyo kwindawo ye-

Youth Café. Olunye udluliselo lwe-Youth Cafés luyakugxila kwakhona kuluntu olungafanelekanga kwasemaphandleni.

Inkqubo ye Ministerial Cape Youth at Work uyakuphunyezwa ephondweni ngexesha lowama-2019/20. Le nkqubo iyakubonelela ngokuphuma kwezicwangciso ezifuneka kakhulu zabantu abatsha abathathe inxaxheba kuphuhliso lwezakhono ngaphambilini, iiNkqubo zobuPhathiswa eziya eLutsheni kunye neenkqubo ze-Youth Café ngokusebenzisa ubonelelo lwemisebenzi/umsebenzi olungiselelwe uqeqesho kunye namathuba anxulumene nengeniso.

ISebe liya kuphucula amaZiko ezibonelelo aBantwana noLutsha (ii-CYCC) e-Clanwilliam CYCC. ISebe liyakuqhubeka lijonge ugcino-mali ukuze libuyisele imithombo kuhanjiso lweenkonzo, kwaye ngale ndlela amaziko ethu aya kunciphisa imisebenzi engeyiyo ephambili ukonga iindleko.

Oyena ndoqo kwiSebe iyakuba kukufumana iindlela ezizizo zokwakha uluntu oluliqilima kwanokubandakanya iintsapho. Unyaka-mali ozayo uyakugxila kwiinkqubo zokwandisa uthintelo kubantwana abasemngciphekweni. ISebe liyakuqhuba imfundo yoluntu ejolise kuxanduva lobuzali, amalungelo, uxanduva loluntu kunye nembophelelelo zokunika ingxelo yokungaphatheki kakuhle kwabantwana ukuthintela ukuxhatshazwa kwabantwana, ukungakhathalelwa nokusetyenziswa. Ukuba sifanele sivule umzila ngokuchasene namanqanaba okusetyenziswa gadalala, ukunganakwa kunye nogonyamelo kubantwana, ngoko kufuneka siseke iinkqubo ezigxila kuthatho-nxaxheba lweentsapho noluntu ukuthintela, ukungenelela kwakusekutsha, kunye neenkonzo zonyamekelo.

ISebe liyakuqhubeka lisakha ubuhlobo kunye nokuphucula ubudlelwane nabachaphazelekayo ekulweni nobundlobongela obujoliswe ngokwesini. Siya kuqhubeka ukuqinisekisa ukuba iindawo zokukhusela amaxhoba oxhatshazo ziyayithobela imiqathango kwaye sizemgangathweni. Njengenxalenye yemizamo yokuguqula izinto, inkqubo yeXhotyiso lwamaXhoba (VEP) iya kuphumeza inkqubo yolingo yokuhambisa iinkonzo zonyamekelo kumaxhoba aphumayo kwezi ndawo zokhuselo. Uphuhliso lwezakhono luye lwayinxalenye ebalulekileyo lweendawo zethu zokhuselo lwabasetyhini abaxhatshaziweyo.

Siya kuqhubeka ukugcina ukubudlelwane obomeleleyo namaziko ezemfundo ephakamileyo ukuqinisekisa ukuba iinkqubo zonyango lokusetyenziswa kakubi kweziyobisi zisekelwe kwimigangatho engcono. Oku kubaluleke ngakumbi xa sijonge ekuqubisaneni nobungozi bokunxulumene nosetyenziso botywala, eyiyeyona nto yesithathu yokurhureka ebonisaya kumaziko ethu onyango. Siya kuqhubeka ukusebenzisa uguqulelo lwe-intanethi namajelo osasazo ngamaphulo okufundisa, njengoko isenza sikwazi ukufikelela kumanani amakhulu abantu, ngakumbi ulutsha.

Njengoko siqubisana nokuxhatshaswa kwabantu abadala nababuthathaka, siya kuqhubeka ukunyanzelisa unyamekelo kunye nemisebenzi efundisayo kumaziko ekuhlalwa kuwo. ISebe liya kuqhubeka ukuqhuba ngobhaliso lwamaziko onyamekelo ekuhlalwa kuwo abantu abadala ababuthathaka, ngokwezinye iindlela zonyamekelo nezenkxaso ezinje ngamaziko akhathelelayo asemini, amaziko eenkonzo, imibutho yabadala, unyamekelo, iindawo zonyamekelo ezizimeleyo kunye neendawo ezisemakhaya.

Xa siphetha unyaka-mali wolu lawulo, sikwenza oku ngokuzithemba okukhulu kwiinkqubo ezinamandla kunye nokuhlola nokulinganisa okuphuhlise ngaphakathi. ISebe liya kuqhubeka lisebenza ngokufanelekileyo, nangendlela eyiyo yokukhonza abantu beli phondo. Ndiyathemba ukuba esi siCwangciso sokuSebenza soNyaka (APP) sichaza ngokucacileyo iinjongo zethu zonyaka-mali olandelayo, kwaye siya kukhokela ulawulo lwethu kunye nabasebenzi ngexesha lokusiphumeza.



UMPHATHISWA WEPHONDO LOPHUHLISO LOLUNTU


Adv-Albert Fritz

Umhla: 1 kweyoKwindla kowama-2019

## Utyikityo oluseMthethweni

Oku kuqinisekisa ukuba esi siCwangciso sokuSebenza soNyaka:

- Siphuhlise lulawulo lweSebe Lophuhliso Loluntu (DSD) phantshi ko- Adv Albert Fritz yaze yalungiselelwa ngokubhekiselele kwisiCwangciso-Qhinga seSebe.
- Sithalela ingqalelo yonke imigaqo-nkqubo efanelekileyo, uwiso-mthetho kunye nabanye abasemagunyeni apho iSebe linoxanduva khona.
- Sibonisa ngokucacileyo okujoliswe kuko ngokomsebenzi, eliya kuthi iSebe lizame ukuphumelelisa izixhobo elizinikiweyo kuhlalho lwabiwo-mali luka-2019/20.




uNkszn. Marion Johnson

uMlawuli oyinTloko: uCwangciso neQhinga loShishino



uMnu. Juan Smith


iGosa leMali eliyinTloko (CFO)



uGqr. Robert Macdonald

iGosa eliPhendulayo

Ivunywe ngu:



Adv. Albert Fritz

iGunya eliLawulayo

Umhla:

1 kweyoKwindla kowama-2019

**Iziqulatho**

Isibhengezo.....	2
Intshayelelo.....	3
Utyikityo oluseMthethweni .....	5
Icandelo A: IsiShwankathelo sesiCwangciso .....	8
1. Umbono .....	8
2. Umqondiso .....	8
3. Intsulungeko .....	8
4. Uwiso-mthetho, ezinye izigunyaziso kunye nemisebenzi engundoqo .....	9
4.1 IziGunyaziso zoMgaqo-siseko .....	9
4.2 IziGunyaziso zoWiso-mthetho .....	9
4.3 Imisebenzi engundoqo yeSebe .....	11
4.4 IziGunyaziso zoMgaqo-nkqubo.....	11
4.5 IziGwebo zeNkunda eziFanelekileyo .....	15
4.6 AmaPhulo oMgaqo-nkqubo aCwangcisiweyo .....	15
5. UHlalutyo lweMeko .....	15
5.1 IMeko yokuSebenza .....	15
5.2 Ubume boMbutho .....	19
5.3 Ulwakhiwo loMbutho.....	24
5.4 Inkcazo ngeNkqubo yesiCwangciso seQhinga .....	25
5.5 Ulungelelwaniso lwamaGunya eSebe .....	26
6. Iinjongo zesiCwangciso sesiPhumo ekuJoliswe kuso seSebe .....	30
7. Isishwankathelo sohlahlo lwabiwo-mali lowama-2019/20 kunye noqikelelo lwe-MTEF .....	33
7.1 Iingqikelelo zeNkcitho .....	33
Icandelo B: Iinjongo zesiCwangciso kunye neeNkcukacha zeeNkqubo .....	37
8. Inkqubo yoku-1: Ulawulo .....	38
8.1 Ukulungelelanisa okujoliswe kuko ngumsebenzi nohlahlo lwabiwo-mali kunye ne-MTEF.....	42
8.2 Ulawulo loMngcipheko .....	44
9. Inkqubo yesi-2: Iinkonzo zeNtlalo-ntle .....	45
9.1 Ulungelelwaniso lomsebenzi ekujoliswe kuwo kunye nohlahlo lwabiwo-mali ne-MTEF.....	53
9.2. Ulawulo loMngcipheko .....	55
10. Inkqubo yesi-3: Abantwana kunye neeNtsapho .....	56
10.1 Ulungelelwaniso lomsebenzi ekujoliswe kuwo nohlahlo lwabiwo-mali kunye ne-MTEF.....	69
10.2 Ulawulo loMngcipheko .....	72
11. Inkqubo yesi-4: Iinkonzo zokuBuyisela .....	73
11.1 Ulungelelwaniso lokujoliswe kuko ngumsebenzi wohlahlo lwabiwo-mali kunye ne-MTEF.....	82
11.2 Ulawulo loMngcipheko .....	84
12. Inkqubo yesi-5: Uphuhliso kunye noPhando .....	85
12.1 Ulungelelwaniso lokujoliswe kuko ngumsebenzi wohlahlo lwabiwo-mali kunye ne-MTEF.....	94
12.2 Ulawulo loMngcipheko.....	96
Icandelo C: Unxulumano kwezinye izicwangciso .....	97



13. Unxulumano kwizicwangciso zexesha elide lezibonelelo nakwezinye izicwangciso ezikhulu	97
14. IziBonelelo zoXhomekeko	100
15. AmaQumrhu kaRhulumente	100
16. Ubudlelwane bamaQumrhu kaRhulumente nawaBucala	100
IsiHlomelo A: Utshintsho kwisiCwangciso seQhinga kowama-2015 - 2020 .....	101
IsiHlomelo B: IiTheyibhile zeSalathisi seNkcazo yezoBugcisa .....	105
IsiHlomelo C: Uluhlu loqhagamshelwano .....	168
IsiHlomelo D: Izishunqulelo.....	171
IsiHlomelo E: IsiVumelwano seNtsebenziswano .....	172

## Icandelo A: IsiShwankathelo sesiCwangciso

### 1. Umbono

Uluntu oluzinzileyo.

### 2. Umqondiso

Ukuqinisekisa ngobonelelo lonxibelelwano olubanzi lweenkonzo zophuhliso lwentlalo ezenza nezinika amandla kwabahlwempuzekileyo, abasesichengeni kunye nabo badinga iimfuno ezikhethekileyo.

### 3. Intsulungeko

Eyona ntsulungeko kaRhulumente weNtshona Koloni (WCG), elithi iSebe linike inkxaso, yile ilandelayo:



Ukukhathalela      Ukukhathalela abo bakhonza nabasebenza nabo



Ubuchule      Ukuba nako namandla okwenza umsebenzi esiqashelwe ukuba siwenze



Ukuphendula      Sithatha uxanduva



Ingqibelelo      Ukunyaniseka nokwenza okulungileyo



Inguqu      Ukuvuleleka kwiingcamango ezintsha kwanakuphuhliso lwezisombululo ezibuchule kwimingeni ngendlela efanelekileyo



Ukusabela      Ukunikezela ngezidingo kubemi nakubasebenzi

ISebe loPhuhliso lweNtshona lizibophelele kule mimiselo yokuhambisa iinkonzo ilandelayo:

- **Inguqu: Ukusebenza ngokwahlukileyo**

ISebe lizakwenza iinzame zokujonga nokuvavanya kwanokuguqula iindlela ezintsha zokusebenza ukuphumeza ulwandiso lweziphumo kwisithuba esifutshane kangangoko linako ngaphandle kokwehlisa umgangatho.

- **Iingcebiso nobandakanyo**

Siyakuqhubeka sinika ingqwalasela kwiingcebiso enentsingiselo namaqabane ethu kunye nabachaphazelekayo njengoko uchaziwe kuMthetho weSakhelo soBudlelwane sooRhulumente (13/2005).

● **Ufikelelo**

Ukufikelela kweenkonzo kwabo bazidinga ngamandla. ISebe lizakuqhubeka ukuphucula ulwakhiwo neenkqubo apho kuyimfuneko ngaphezu kwexesha leSakhelo seNkcitho yaPhakathi eNyakeni (MTEF).

● **Ukuthatha uxanduva nokubaselubala**

Ukuseka ulawulo lwentsebenziswano olufanelekileyo ngokuphumeza ubeko-liso, uvavanyo kunye nokunika ingxelo ezisekelwe kwiziphumo, iinkqubo ezizizo zoshishino, imigaqo-nkqubo kunye nokuphucula uthotyelo ukuze kunyuke izinga lokuthatha uxanduva nokwenziwa komsebenzi.

**4. Uviso-mthetho, ezinye izigunyaziso kunye nemisebenzi engundoqo**

**4.1 IziGunyaziso zoMgaqo-siseko**

Uviso-mthetho	Ifuthe kumsebenzi we-DSD
uMgaqo-siseko woMzantsi Afrika onguNombolo. 108 ka1996	Icandelo lama-28 (1) loMgaqo-siseko liwabeka amalungelo abantwana ngokuhambelana nenyameko efanelekileyo (isondlo esisiseko, ukhuseleko, iinkonzo zempilo neenkonzo zentlalo) kwaye ukohlwaya ngokubanjwa kwabantwana linyathelo lokugqibela elinokuthi lithatyathwe.

**4.2 IziGunyaziso zoWiso-mthetho**

Uviso-mthetho	Ifuthe kumsebenzi we-DSD
uMthetho iProbation Services Amendment, onguNombolo 35 wama-2002	Injongo zawo kukulungisa <b>uMthetho iProbation Services Amendment, onguNombolo 35 wama-2002</b> weNkonzo zoLingo kowe-1991, ukuze kufakwe iinkcazelo ku: <ul style="list-style-type: none"> <li>• Ukwenza isibonelelo esingaphezulu seenkqubo ezijongene nokunqanda nokulwa ulwaphulo-mthetho;</li> <li>• Ukwandisa amandla nemisebenzi yamagosa alinda amabanjwa alingwayo;</li> <li>• Ukubonelela ngemisebenzi yamagosa ancedisa abalindi bamabanjwa alingwayo;</li> <li>• Ukubonelela ngovavanyo olufunekayo lwabantwana ababanjiweyo;</li> <li>• Ukubonelela ngokumiselwa kwekomiti yeengcebiso zolingo;</li> <li>• Ukubonelela ngokutyunjwa kwabafumene usapho; kunye</li> <li>• Nokubonelela ngemiba enxulumene nayo.</li> </ul>
uMthetho iNon- Profit Organisations, onguNombolo 71 ka-1997	Injongo yaloMthetho kukunika inkxaso iMibutho eNgenzi Nzuzo ngokuseka isakhelo solawulo nesisesikweni phakathi apho ii-NPO ingakwazi ukuqhuba imicimbi yawo.
uMthetho iDomestic Violence, onguNombolo 116 ka-1998	Injongo yaloMthetho kukubonelela amaxhoba odushe lwasekhaya ngokhuseleko olongezelekileyo ekuxhatshazweni kwasekhaya.
uMthetho iSocial Service Professions, onguNombolo 110 ka-1978; owalungiswa ngo-1995, ngo-1996 nango-1998	UMthetho useke iBhunga leMisebenzi lobuNontlalo-ntle baseMzantsi Afrika (SACSSP) waze wachaza amandla nemisebenzi yebhodi yeenkonzo zezentlalo-ntle kunye noqeqesho.
uMthetho waBantwana, onguNombolo 38 wama-2005	UMthetho uqhutywe ngokwesiBhengezo sikaMlawuli ngomhla woku-1 kuTshazimpunzi kowama-2010 kwaye uchaze: <ul style="list-style-type: none"> <li>• Amalungelo noxanduva lwabantwana;</li> <li>• Uxanduva namalungelo obuzali;</li> </ul>

Uwiso-mthetho	Ifuthe kumsebenzi we-DSD
	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Imithetho-siseko kunye nemigaqo yokukhusela abantwana;</li> <li>• Ukukhuthaza impilo-ntle yabantwana; kunye</li> <li>• Nokuhlanganisa imithetho enxulumene nentlalo-ntle kunye nokhuseleko lwabantwana kwakunye, nemimbi eyenzekayo.</li> </ul> <p>Eyona njongo iphambili yoluhlaziyo kwakhona lwesibini loMthetho waBantwana (38/2005) kube kukufunyanwa kweNkundla ePhakamileyo yoMzantsi Rhawuti emiswe kuTshazimpunzi kowama-2011 ngokumalunga nokutolikwa okuchanekileyo kweCandelo le-150(1) (a) loMthetho. Inkundla yafumanisa ukuba:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Umkhathaleli osemthethweni wonyamekelo (kule meko umakhulu) angonyulwa njengomzali okhulisayo; kunye</li> <li>• NoMthetho ongengowaBantwana nongengoMthetho woNontlalo-ntle oNcedisayo okanye iMigaqo yayo edinga uphononongo lomvuzo womzali okhulisayo, ngoko ke imeko yezemali zabantwana zifumaneka ukuba inkathalo nokhuselo kufuneka zithathelwe ingqalelo ingenguye umzali okhulisayo. Apho abazali abakhulisayo bafumana inkxaso ngokwasemthethweni bengakwazi ukukwenza oko ngokwezemali, kufuneka babenako ukufaka isicelo sesibonelelo sokukhulisa.</li> </ul>
umMthetho iOlder Persons, onguNombolo 13 wama-2006	<p>UMthetho, owasekwa ngokwesiBhengezo sikaMlawuli ngomhla woku-1 kuTshazimpunzi kowama-2010, ujolise ekuxhobiseni nasekukhuseleni abantu abadala kuquka newonga, amalungelo, impilo-ntle, ukhuselo, ukhuseleko kunye nokulwa ukuxhatshazwa kwabantu abadala.</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• UMthetho ukhuthaza indlela yophuhliso oluvumela;</li> <li>• Ubulumko nezakhono zabantu abadala;</li> <li>• Uthatho-nxaxheba kwabantu abadala kwimicimbi yoluntu;</li> <li>• Ukulawula ubhaliso lweenkonzo zabantu abadala; kunye</li> <li>• Nokumisela nokulawula iinkonzo namaziko abantu abadala.</li> </ul> <p>Ngokungafaniyo noMthetho waBantu aBadala (81/1967), ugxininiso lususiwe kukhathalelo olukumaziko asemthethweni ukuya kukhathalelo olusekelwe kuluntu ukuze kuqinisekiswa ukuba umntu omdala uhlala ekuluntu kangangoko anako.</p>
umMthetho iPrevention and Treatment for Substance Abuse, Nombolo 70 wama-2008	<p>UMthetho ubonelela ngokuphumeza uhanjiso lweenkonzo zengqiqo nezidibeneyo kwicandelo lokuxhatshazwa kweziyobisi kuwo onke amasebe karhulumente. Olona gxininiso lwaloMthetho kukukhuthazwa kweenkqubo ezisekelwe kuluntu nokungenelela kwasekuqaleni kwezi nkqubo, kwanobhaliso lwamangenelelo onyango olumalunga nokusetyenziswa kweziyobisi.</p>
UMthetho weNational Youth Development Agency onguNombolo 54 wama-2008:	<p>Injongo yalo Mthetho kukudala nokukhuthaza uququzelelo lwemiba yophuhliso lolutsha.</p>
Umthetho we Social Assistance ka 13 wama-2004	<p>Lo Mthetho ubonelela ngokunikezela ngoncedo loluntu kubantu, kunye neendlela zokunikezela ngoncedo olunjalo; ukumiselwa kohlolo loncedo loluntu; kunye nokubonelela nangeminye imiba enxulumene noko.</p>
UMthetho woLawulo Umthetho weDisaster Management inombolo 57 wama -2002	<p>Lo Mthetho ubonelela ngomgaqo-nkqubo ohlangeneyo noququzelelweyo wolawulo lwentlekele (ukujongana nothintelo noncitshiso lomngcipheko weentlekele, ukunciphisa ubunzima beentlekele, ukulungela amaxesha kaxakeka, ukusabela ngokukhawuleza nangexesha elifanelekileyo kwintlekele kwanembuyekazo emva kwentlekele); ukumiselwa kwamaziko olawulo lwentlekele kuzwelonke, kwiphondo nakumasipala; amavoluntiya olawulo lwentlekele; kunye neminye imicimbi yeziganeko.</p>
Umthetho we Mental Health Care inombolo 17 ka 2002)	<p>Lo Mthetho ubonelela ngokhathalelo, unyango, kunye nobuyiselwa kwesidima kubantu abagula ngengqondo; sibeka cacileyo iindlela</p>

Uwiso-mthetho	Ilfuthe kumsebenzi we-DSD
	ezahlukileyo ema zilandelwe xa kusamkelwa abantu abanjalo uze ubonelele ngenkathalo nolawulo lwezinto.

### 4.3 Imisebenzi engundoqo yeSebe

ISebe lizibophelele kule misebenzi mibini ingundoqo ilandelayo:

- INkonzo yeNtlalo-ntle kwabahlwempuzekileyo nabasesichengeni, libambisene nabachaphazelekayo kunye nemibutho yoluntu; kunye
- Nenkonzo yoPhuhliso loLuntu okubonelela ngeenkqubo zophuhliso oluzinzileyo, eziququzelela ukuxhotyiswa koluntu.

### 4.4 IziGunyaziso zoMgaqo-nkqubo

Umgaqo-nkqubo	Ilfuthe kumsebenzi we-DSD
ISakhelo sesiCwangciso saPhakathi eNyakeni (MTSF) sowama-2014-2019 (2014)	Esi Sakhelo sesiCwangciso saPhakathi eNyakeni (MTSF) sisicwangciso seqhinga likarhulumente sexesha lonyulo lowama-2014-2019. Sibonisa ukuzibophelela okwenziwe kumqulu wezithembiso zonyulo lombutho olawulayo, kuquka ukuzibophelela ekuphumezeni isiCwangciso soPhuhliso sikaZwelonke (NDP). I-MTSF ibeka ngokucacileyo imisebenzi uRhulumente aza kuyenza nejoliswa ukuba ifezekiswe. Injongo ye-MTSF kukuqinisekisa ukuba umgaqo-nkqubo uyangqinelana, ulungelelene kwaye uququzelelwa kuzo zonke izicwangciso zikarhulumente kwakunye nokulungelelana neenkqubo zohlahlo lwabiwo-mali.
IsiCwangciso soPhuhliso sikaZwelonke sowama-2030 (2012)	IKomishini yoCwangciso kaZwelonke ipapashe "isiCwangciso soPhuhliso sikaZwelonke: uMbono wama-2030" ngowe-11 kweyeNkanga kowama-2011 njengenyaniso lokutshintsha indlela entsha loMzantsi Afrika, efuna ukuphelisa ubuhlwempu nokunciphisa ukungalingani ngo-2030. "IsiCwangciso soPhuhliso sikaZwelonke esihlaziyiweyo sowama-2030: Ikamva lethu – lenze lisebenze" lipapashwe ngexesha lowama-2012.
I-OneCape2040. Ukusuka kumbono ukuya ekwenzeni (2012)	I-WCG yamkele lombono kweyeDwarha wama-2012. Ujonge ekuvuseleleni utshintsho kwixesha elizayo elibandakanyayo kunye nezooqoqosho lwaseNtshona Koloni. Ichaza umbono wokuba bangenza njani abantu baseNtshona Koloni ukuze basebenze kunye ukuphuhlisa uqoqosho lwabo lwengingqi kunye noluntu ngokubanzi, ngokwenza njalo, ukukhokela ucwangciso kunye nesenzo ukukhuthaza ukuzinikela okufanayo kunye nokuphendula kwinkqubela phambili yexesha elide.
IsiCwangciso seQhinga sePhondo (PSP) sowama-2014-2019 (2014)	I-PSP sisicwangciso seminyaka-emihlanu esibeka ngokucacileyo izicwangciso namaqhinga e-WCG eminyaka emihlanu elandelayo. I-WCG ichonge iinjongo ezintlanu zesicwangciso kwinjongo yayo yokufezekisa iintsingiselo nemiqawo ye-NDP kwiminyaka emihlanu elandelayo.
iPhepha leNgcaciso ngoMthetho oSawilwayo weNtlalo-ntle (1997)	iPhepha leNgcaciso ngoMthetho oSawilwayo lisebenza njenge siseko sentlalo-ntle emva kowama-1994 ngokubonelela ngemigaqo ekhokelayo, imigaqo-nkqubo kunye neenkqubo zeendlela zophuhliso lwentlalo-ntle.
iPhepha leNgcaciso ngoMthetho oSawilwayo kuMgaqo-nkqubo waBemi (1998)	iPhepha leNgcaciso ngoMthetho oSawilwayo likhuthaza uphuhliso lwabantu oluzinzileyo kunye nomgangatho wempilo wabo bonke abantu boMzantsi Afrika ngokuhlenganiswa kwemiba yabantu kucwangciso lophuhliso kwizigaba ezahlukeneyo zikarhulumente nakumacandelo onke oluntu. ISebe ligunyaziswe ukuba libeke iliso kuphunyezo lomgaqo-nkqubo, kunye nefuthe lalo kwiindlela eziqhelekileyo zabemi kunye neentshukumo kwimeko yokuzinza kophuhliso lwabemi.
UMgaqo-nkqubo woLutsha kaZwelonke 2015-2020 (2015)	Injongo kukuqinisa amaphulo olutsha aphucula ubuchule kubantu abatsha ngokuguqula uqoqosho kunye noluntu ngokuqubisana neemfuno zabo; ukukhuthaza iziphumo ezihle, amathuba, ukhetho kunye nobudlelwane; kunye nokubonelela ngenkxaso ukuphuhlisa lona.

Umgaqo-nkqubo	Ilfuthe kumsebenzi we-DSD
ISebe LoPhuhliso Loluntu: uMgaqo-nkqubo kwiNkxaso-mali yeMibutho engekho Phantsi koRhulumente ngoBonelelo lweNtlalo-ntle nangeenkonzo zoPhuhliso loLuntu (20150 njengoko kulungisiwe ngowama-2017)	Injongo zalo mgaqo-nkqubo kukuqinisekisa ukuba udluliselo lweentlawulo lulawulwa ngendlela eselubala ekhuthaza uthatho-xanduva, ufikelelo, ulawulo olufanelekileyo, iimfuno zokusebenza ezicacileyo, kunye nemigaqo yobulungisa bolawulo. Oku kuyakwenza i-DSD ikwazi ukufezekisa umqondiso wayo wokubonelela ngothungelwano olunengqiqo lweenkonzo zophuhliso lwentlalo olunako ukuxhobisa abahluphekileyo, abasesichengeni kunye nabo baneemfuno ezikhethekileyo.
iPhepha leNgcaciso ngoMthetho oSaYilwayo kwiNtsapho eMzantsi Afrika (2013)	Oyena ndoqo wenjongo zePhepha leNgcaciso ngoMthetho oSaYilwayo kukukhathalela uluntu ngokwasempilweni, ukukhuthaza nokomeleza iintsapho, ubomi boluntu kunye nemiba yeentsapho ngokubanzi kumaphulo okwenza umgaqo-nkqubo karhulumente jikelele. ISebe liphuhlise isicwangciso sephondo ukuphumeza iPhepha leNgcaciso ngoMthetho oSaYilwayo kwiNtsapho owathi wamkelwa yiForum yeeNkonzo zeeNtsapho ngomhla we-16 kweyeSilimela kowama-2016.
IiNkonzo zeSakhelo seNtlalo-ntle (2013)	Esi sakhelo sivunyiweyo silungelelaniswe neNdelela yokuNikezelwa kweenkonzo eHlangeneyo (ISDM) size sibonelele ngenkqubo ebekwe emgangathweni apho oonontlalo-ntle bazakubonelela ngeenkonzo zentlalo-ntle ezithile ezikumgangatho ofunekayo, ezinengqiqo, ezihlangeneyo, ezisekelwe kumalungelo, kwaye zixhotyiswe ngokwaneleyo.
ImiMiselo nemiGangatho yeZithethe zeeNkonzo zeNtlalo-ntle (2013)	Ukubonelela ngonaniselwano lokunikela ngeenkonzo ezisemgangathweni zentlalo-ntle nezenza inxalenye yeSakhelo seeNkonzo zeNtlalo-ntle.
UMthetho weMisebenzi yeeNkonzo zeNtlalo (110/1978): Imithetho enxulumene nokubhaliswa kweenkonzo ezikhethekileyo zolingo lwamabanjwa (2013)	Le mithetho ipapashwe kwiPhepha-ndaba lakwaRhulumente Nombolo 36159, ngomhla we-15 kweyoMdumba wama-2013, Vol. 572, Nombolo 9911 ijonge ekumiseleni nasekuphuculeni iinkonzo zolingo lwamabanjwa.
IsiCwangciso esiPhambili sesiYobisi kuZwelonke 2013-2017 (2013)	Isicwangciso senza uququzelelo lwamasebe kunye nabasemagunyeni olawulo ekuhlaleni luhambelane noMthetho woThintelo kunye noNyango kuSetyenziso kakubi lweZiyobisi (70/2008). Injongo yaso kukuqinisekisa ukuba ilizwe lisabela ngokufanayo kusetyenziso kakubi kwezinyobisi.
ISakhelo soLawulo loMsebenzi wobuNontlalo-ntle baseMzantsi Afrika (2012)	Ubonelela ngesakhelo kulawulo olufanelekileyo koonontlalo-ntle, koonontlalo-ntle abasafundayo, oonontlalo-ntle abancedi babucala sayo, abancedisi abasafundayo, oonontlalo-ntle abaziingcali kunye noogqirha babucala ukuqinisekisa ngemisebenzi yezentlalo egqibeleleyo enikela ngezona nkonzo ziphambili kwicandelo lwezentlalo-ntle eMzantsi Afrika.
ISakhelo esikuMgangatho oQinisekisiweyo seeNkonzo zeNtlalo-ntle (V4) (2012)	Esi sakhelo sikazwelonke sibonelela ngenkqubo engagungqiyo nenemigangatho ecacileyo yokuvavanya ukufaneleka kunye nokuqhubeka kubonelelwa ngophuculo ngokumalunga neenkonzo zentlalo-ntle.
IsiCwangciso soPhuhliso loLutsha kwiSebe LoPhuhliso Loluntu leNtshona Koloni (2013)	Ukukhokela, ukwazisa nokwalatha inkqubo yophuhliso lolutsha lweSebe nezinto eziphambili kunye nokuza neendlela eziluzilima ezisemthethweni zokuqikelelwa kwenkqubo. Isebenza njesixhobo esibalulekileyo sesicwangciso, esijonge ekuqubisananeni neemfuno zabantu abatsha bePhondo laseNtshona Koloni.
IsiCwangciso soPhuhliso loLutsha saseNtshona Koloni (2013)	Injongo ye (yephondo) sicwangciso sophuhliso lolutsha kukudala inkxaso eyongezelelekileyo, amathuba kunye neenkonzo kubo bonke abantu abatsha ukuze basebenzisane ngcono nokubangqongileyo kunye nokugqithela ngempumelelo ebuntwini obudala, bokuthatha-nxaxheba, bokuzimela, nobuzinzileyo. Igxile kubantu abatsha abakwinqanaba

Umgaqo-nkqubo	Ifuthe kumsebenzi we-DSD
	eliphakathi kwe-10 ne-14 leminyaka kunye no'lutsha' oluphakathi kwe-15 nama-24 eminyaka.
IsiCwangciso esiHlangeneyo soPhuhliso lwaBantwana abasaQalayo bePhondo sowama-2011-2016 (2011)	IsiCwangciso senza ukuba kufikelelwe kubonelelo lophuhliso lwabantwana abasaqalayo (ECD) olusemgangathweni (kuquka iBakala lika-R) eliya kwenza abantwana ngobuninzi babo kwakwazi babenakho ukufumana izakhono ezomeleleyo, zokuzithemba kunye nobuchule ukuqinisekisa ukuba baxhotyiswe ngokwaneleyo kwaye abafundi balungiselelwe ngokufanelekileyo ukusuka kwiBakala loku-1 ukuya kwele-12.
UMgaqo-nkqubo kwiNkonzo zoPhuhliso lweNtlalo kuBantu abaPhila ngoKhubazeko (2017)	Eyona njongo iphambili kukwalatha nokuququzela ubonelelo lweenkonzo zophuhliso loluntu jikelele kubantu abaphila ngokhubazeko. Injongo yawo kukuqinisekisa ukuba isidima namalungelo abo bonke aBantu abaphila ngokhubazeko siyakhuselwa kwaye kuhlantatyezwana nazo, ngobonelelo lweenkqubo zoqoqosho lwentlalo olufanelekileyo kunye neenkonzo eziqinisekisa ubandakanyo lwabo.
Isakhelo soPhuhliso lweNdawo yePhondo laseNtshona Koloni (PSDF) (2014)	Isakhelo lisebenza njengesiseko esiququzelelayo, esihlangeneyo, kunye nesihambelanayo "nesiseko" sokuhanjiswa kweenkqubo zeSebe kuzwelonke nakwiphondo; ukuxhasa oomasipala ukuze bafezekise igunya labo lesicwangciso somasipala ngokuhambelana noluhlu lwemicimbi yokuxoxwa; ukuxhasa nokunxibelelana neenjongo zokuphuhliswa kwendawo karhulumente ukuya kwicandelo labucala nakweyoluntu.
UMgaqo-nkqubo wokuHlaziya, ukuKhululwa nokuBuyiselwa kakhona kwabahlali abagwetyiweyo kumaZiko oKhathalelo lwaBantwana noLutsha e-DSD ukuya kwiNdawo zoKhathalelo eziKhethekileyo ezingekho Ngqongqo kakhulu okanye zoKhathalelo lwabaZali (2014)	Lo mgaqo-nkqubo ubonelele ngezikhokelo zokuhlaziya, ukukhululwa nokubuyiselwa kwakhona kwabahlali abagwetyiweyo kwi-CYCC kwiindawo zokhathalelo ezikhethekileyo ezingekho ngqongqo kakhulu okanye zokubekwa phantsi kokhathalelo njengoko kubonelelwe kwiSahluko se-11 soMthetho neMigaqo yaBantwana.
Inkqubo eSebenzayo yeSebe loPhuhliso loMgangatho weNtlalo eNtshona Koloni (SOP) ekuSusweni kwaBantwana abahlali eziTalatweni besisiwa kwiNdawo eziKhuselekileyo neeNkqubo eziLandelayo (2015)	I-SOP yayiphuhlise njengesikhokelo senyathelo lenyathelo lokuba kungenziwa njani ukuqhubela phambili xa kususwa abantwana ezitalatweni abadinga ukukhathalelwa nokhuseleko bebekwa kwindawo ekhuselekileyo. Ibeka ngokucacileyo iindima namaxanduva amalungu abasebenzi eSebe kunye nabanye abachaphazelekayo kwi-NPO kunye namacandelo okubeka iliso. Iinkcukacha ze-SOP: amaxesha abekiweyo emakathotyhelwe; anika iinkcazo ngabantwana abasezitalatweni; ifanele bani inkqubo; igqamisa umthetho; kwaye iqulethe iinombolo zonxibelelwano lwabathathi-nxaxheba.
IsiCwangciso soPhuhliso lweNtlalo eNtshona Koloni sokuPhucula uKhathalelo lwaBantwana kunye neeNkonzo zoKhuselo (2015)	Isicwangciso saphuhlisa ukuze kunciphe imingcipheko enxulumene nophunyezo lweemfuneko ezisemthethweni, imimiselo nemegangatho yoMthetho waBantwana. Isicwangciso sichonga oyena nobangela wengxaki kunye namangenelelo okuqubisana nale miba.
Isakhelo esikuMgangatho oQinisekisiweyo sokubeka iliso kumsebenzi wentlalo-ntle kunye nophuhliso lokuhanjiswa kwenkonzo yoluntu (2015).	Esi sakhelo sephondo sihambelana neSakhelo esikuMgangatho oQinisekisiweyo kaZwelinke weNtlalo-ntle (2013) kwaye ucebisa ubeko-sweni lomsebenzi olunengqiqo ngokusebenzisa indlela yokuqinisekisa umgangatho wophuhliso loluntu kunye neenkonzo zentlalo kwiSebe kwanakwicandelo le-NPO kweli phondo. Likwajonge ekuphuculeni umgangatho wokuhanjiswa kwenkonzo kwaye uchaza imigangatho yokugqwesa kwenkonzo kunye nendlela emakubekwe ingayo iliso nemakulawulwe ngayo.

Umgaqo-nkqubo	Ifuthe kumsebenzi we-DSD
IsiVumelwano sesiQinisekiso soMgangatho wamaZiko oKhathalelo lwaBantwana abasaQalayo noLutsha kowama-2016-2018 (2016)	Esi sivumelwano sikhuthaza uphunyezo olupheleleyo lwesivumelwano sesiqinisekiso somgangatho ogxile kuthotyelo lomthetho wolawulo, ukuthobela ulawulo lwequmrhu nothotyelo kubhaliso kunye neemfuneko zemimiselo nemigangatho kazwelonke ye-CYCCs.
Isibonelelo esiphuculiweyo sesiCwangciso seeNkqubo ezininzi zaMaziko (2015)	Uphuhliso nolawulo lwesicwangciso ukuqinisekisa ukusasazeka ngokwaneleyo kwezixhobo ezifanelekileyo, eziququzelweyo kunye nee-CYCC ezilawulekayo kwiphondo, ukubonelela ngoluhlu olufunekayo lweenkqubo zokukhathalela iindawo zokuhlala njengoko kulindelekile kwiCandelo le-192 loMthetho waBantwana.
UMgaqo-nkqubo woPhuhliso lwaBantwana abasaQalayo oHlangeneyo (2015)	Lo mgaqo-nkqubo ujonge ekuguquleni uhanjiso lwenkonzo yophuhliso lwabantwana abasaqalayo eMzantsi Afrika, ngakumbi ukujongana neengxaki eziphambili nokuqinisekisa ubonelelo olunengqiqo, kwinqanaba lobudala kunye nophuhliso-olufanelekileyo lwenkqubo yokuphuhliswa kwabantwana abasaqalayo, ufikelelo kuzo zonke iintsana, abantwana abasebatsha kunye nabakhathaleli babo kubonisiwe kwi-NDP.
UMgaqo-nkqubo waBemi boMzantsi Afrika (1998)	IPhepha leNgcaciso ngoMthetho oSaYilwayo ukhuthaza uphuhliso loluntu oluzinzileyo kunye nomgangatho wobomi boluntu lonke lwaseMzantsi Afrika ngokudibana kwemiba yabemi ukucwangcisa uphuhliso kumanqanaba ahlukeneyo karhulumente nakumacandelo onke oluntu. ISebe ligunyaziswe ukuba libeke iliso kuphunyezo lomgaqo-nkqubo, kunye nefuthe lawo kwiindlela eziqhelekileyo zabemi kunye neentshukumo kwimeko yophuhliso lwabantu oluzinzileyo.
IsiCwangciso sePhondo leNtshona Koloni soBonelelo ngamaZiko oKhathalelo lwaBantwana noLutsha (CYCCs) (2016)	Esi sicwangciso silawula ubonelelo lokhathalelo lwendawo yokuhlala olusasazwe ngokwaneleyo kubantwana ngokusebenzisa ii-CYCC kumanqanaba onke eenkqubo eziqhubekayo zokhathalelo olufanelekileyo lwamaziko kwiphondo lonke, kuhambelane neziding ezikhethekileyo zephondo, iimeko, uhlahlo lwabiwo-mali kunye nezibonelelo ezisebenzayo.
ISakhelo sasebuRhulumenteni baseNtshona Koloni soKutya kweNdlu kunye nesiCwangciso seSondlo (2016)	ISakhelo sasebuRhulumenteni baseNtshona Koloni soKhuselo loKutya kweNdlu kunye nesiCwangciso seSondlo ijolise kwiimpazamo ezithile zenkqubo yokutya yangoku ukuqinisekisa ukuba isebenzela bonke abahlali baseNtshona Koloni. ISakhelo sesiCwangciso sichaza iziphumo neenjongo ezithungelana neenkqubo ezinciphisa indlala nokuphucula kwezempilo, isondlo, kunye nemveliso ukuxhasa bonke abantu abahlala eNtshona Koloni ekukhokeleni ubomi obusebenzayo nobuvelisayo.
INdlela kaWonke-wonke kuRhulumente weNtshona Koloni (WoSA) yoPhuhliso loQoqosho loLuntu (2018)	INdlela kaWonke-wonke (WoSA) inombono wokhuselo, uthungelwano lwentlalo, ukomelela kunye nokuxhobisa abemi kunye noluntu ngofikelelo olunobulungisa kwiinkonzo zentlalo kunye namathuba. Olu xwebhu lubonisa isakhelo sophuhliso oluhlangeneyo nolunenguqu lwentlalo kwindlela ehamba ngayo. Iphuhliswe ngenjongo yokufumana isivumelwano kwindlela yokukhuthaza uphuhliso lwentlalo ngokusebenzisa "iNdlela kaWonke-wonke".
IPhepha leNgcaciso ngoMthetho oSaYilwayo waMalungelo aBantu abaphila ngoKhubazeko (2015)	IPhepha leNgcaciso ngoMthetho oSaYilwayo livumela umzila oqhelekileyo wokuzalisekisa amalungelo aBantu abaphila ngoKhubazeko ngokudala ubandakanyo loluntu olukhululekileyo lwaBantu abaphila ngoKhubazeko njengabemi abafanayo nabanye. Likhokela kwaye likhuthaza ukuzimela kwabantu abaphila ngokhubazeko.  Lichaza ngokubanzi uxanduva nezibophelelo ngokusebenzisa iintsika ezilithoba zesiCwangciso eziyalela abachaphazelekayo ukuba babenoxanduva lokuphelisa ukucalulana okwendeleyo nokuqhubekayo kunye nokubekelwa ecaleni okwenzekayo ngaBantu abaphila noKhubazeko. Oku kukhokela i-WCDSD ukuze ibonelele ngohanjiso lwenkonzo engenamiqobo, efanelekileyo, esebenzayo kunye neququzelwayo.
IsiCwangciso saBaphila ngoKhubazeko ngokuBanzi	IsiCwangciso ngokuBanzi sabaphila ngoKhubazeko be-DSD yeNtshona Kolongi sisiCwangciso-qhinga seminyaka-emihlanu esikhokela iSebe



Umgaqo-nkqubo	Ifuthe kumsebenzi we-DSD
baseNtshona Koloni sowama-2015-20 (2015)	ekusebenzeni njengesicwangciso ngokubanzi ukukhawulezisa ukutshintsha imicimbi yokukhubazeka isuke ngaphandle ibekwe embindini kuhanjiso lonke lwenkonzo zeSebe.

#### 4.5 IziGwebo zeNkunda eziFanelekileyo

##### IForam yaseNtshona Koloni yoKhubazeko lweNgqondo: Inombolo yetyala lomyalelo wenkundla: 18678/2007.

Isigwebo sawiswa ngomhla we-11 kweyeNkanga yowama-2010 salathise urhulumente ukuba abonelele ngeendlela ezizizo zezidingo zemfundo zabantwana abaphila nokhubazeko olunzulu. Ngokuthobela umyalelo wenkundla, iSebe libonelela ngemivuzo kubakhathaleli nakubaphumezi benkqubo yabantwana bokhubazeko ngengqondo kumaziko okhathalelo lwasemini lize linikele ngenkxaso-mali kuthutho lwaba bantwana ukuya nokubuya kumaziko.

#### 4.6 AmaPhulo oMgaqo-nkqubo aCwangcisiweyo

Awakho

### 5. UHlalutyo lweMeko

#### 5.1 IMeko yokuSebenza

I-DSD isebenza phakathi kwemeko enzima kakhulu kunye nobume bohlahlo lwabiwo-mali obunyanzelayo, ngeli xesha kujongenwe namaqondo aphezulu entlupheko nentlalo yezempilo. Amaninzi kumahlakani ayo i-NPO kufuneka iphungule iinkonzo okanye iyeke eminye imisebenzi apho uhanjiso lwenkonzo lufaka uxinzelelo kwiSebe. Imeko yenziwa mandundu nangakumbi ziziphumo zesomiso sowama-2017/18 kwaye sikhokelele ekubeni kunyuke iqondo lemfuneko yeenkonzo zentlalo. Ngokwee Nkcukacha-manani zoMzantsi Afrika (Stats SA) zaphakathi enyakeni kowama-2018 inani labemi ngoku laseNtshona Koloni luqikelelwa kuma-6.6 ezigidi. Kulindeleke ukuba ngaphezulu kwama-486 617 labantu abaya kufudukela eNtshona Koloni ngexesha lesithuba seminyaka-emihlanu sowama-2016 ukuya kowama-2021 (Stats SA, 2018). Le ndlela inegalelo ekutshintsheni iintshukumo zentlalo ephondweni kwaye igqamisa isidingo sokukhuthaza ubandakanyo lwentlalo phakathi kwabahlali.

NgokoPhando loLuntu (CS) luka-2016 oluqhutywe ngokweNkcukacha-manani lwaseMzantsi Afrika, kuqikelelwa ukuba li-1.93 lezigidi lezindlu ephondweni ezinomlinganiselo wezindlu ezibungakanani bulinginiselwa kwisi-3.25 samalungu. Okuxhalabisayo ngoku lizinga lokungabikho kwengqesho elilinganisela kuma-20.7 eepesenti nelithe nangona kukho ukhula kwiminyaka engaphezulu kwesithathu edlulileyo, kusathetha ukuba omnye kwabahlali ngabantu abangasebenziyo. Ekugqibeleni, abantwana neentsapho bahlala besemngciphekweni kwaye kokuphambili kwiinkonzo zeSebe. Ukomelezwa kweentsapho kuzakuqhubeka kungumbandela ophambili kwiprojekthi ye-‘Families-at-Risk’ apho iinkonzo ezibalulekileyo zizakubonelelwa iintsapho ezisemngciphekweni omkhulu. La mangelolelo aquka iinkonzo zolondolozo lweentsapho, inkqubo ehlangeneyo ebizwa ngokuba isibindi, iinkonzo zokulamla, iinkqubo zobuzali; kwakunye neenkqubo ezijonge kuhlaziyo, ukuhlanganisana nokubuyiswa kwakhona kwabantu abadala abangenamakhaya babuyele kwiintsapho zabo kunye nakwiimvelaphi zabo.

Uqikelelo olufikelela kuma-2 017 008 abantwana abaphakathi kweminyaka ekwi-0 kunye ne-17 leminyaka abahlala eNtshona Koloni<sup>1</sup>. Uphando<sup>2</sup> lwalatha ukunyuka kwezehlo zokuphatheka kakubi kwabantwana, kwaye kuselubala ukuba izicwangciso sokhuseleko kufuneka ziqiniseke. Isehlo sokuphatheka kakubi kwabantwana ephondweni ku, ngaphezu

<sup>1</sup> Stats SA, Mid-Year Population Estimates, 2018.

<sup>2</sup> Western Cape Department of Social Development (2015). An Evaluation of Child Maltreatment Data. Internal research report compiled by Victoria Tully and Faheemah Esau.

kwazo zonke izinto, ngokunxulumene nokunyuka kwezehlo zokuxhaphaza iziyobisi, kuquka utywala. ISebe lizakuqhubeka nokuthatha inxaxheba yalo kwiindibano zohlaziyo lokufa kwabantwana kwaye kungoko unako ukungenelela ngokukhawuleza kwimiba apho abakokwenu basemngciphekweni. ISebe liyalelwe yiKhabinethi yaseNtshona Koloni ukuba liyile kwaye liququzelele ukuphumeza isicwangciso sokwenza ukunciphisa ugebengo lwebantwana ephondweni. Isicwangciso soyilo sigqityiwe kwaye siyaqhubeka ngengcebiso noququzelelo lophunyezo lwaso nabanye abaphambili kwabachaphazelekayo, ukuquka iNkonzo yamaPolisa yaseMzantsi Afrika (SAPS), inkqubo yomthetho wezobulungisa, amasebe karhulumente wasemakhaya nowephondo, kunye nee-NPO eziphambili.

Iinkonzo zokhathalelo nokhuselo kubantwana kubonisa umsebenzi omkhulu ojongene neSebe kunye nenjongo enye ephambili kwiminyaka emihlanu ezayo iya kuba kukubeka ezi nkonzo kumgangatho ofunwa nguMthetho waBantwana, uziququzelele ukunye namanye amasebe ephondo, oomasipala, ee-NPO kunye namahlakani ecandelo labucala ukufaka isandla kufezikiso lwe-PSG yesi-2 neyesi-3.

Kwinkqubo ye-Eye-On-The-Child yinkqubo yenguqu egeqesha omama abangamavoluntiya ekuhlaleni, i-Isibindi Child kunye ne-Youth Care Workers (CYCWs), kunye namanye amalungu asekuhlaleni, ukuchonga nokubonelela ngoncedo olukhawulezileyo kunye nokuthunyelwa kwabantwana abasemngciphekweni. Ukuhlanganiswa kweenkqubo i-Isibindi kunye ne-Eye-On-The-Child kuza kunyusa umthamo wee-CYCWs kwinkqubo ye-Isibindi; kwandisa indawo yommandla wenkqubo ye-Eye-On-The-Child; kwaye ngoko, komeleza amaphulo okhathalelo lwabantwana nokhuselo olukhoyo ephondweni. ISebe kananjalo liza kuncedisa kulingo lophunyezo lweProjekthi ye-Sanitary Dignity ngexesha lonyaka-mali wama-2019/20. Iprojekthi ijonge ekuncedeni amantomazana akwibakala lesi-4 ukuya kwi-12 kwizikolo ezihluphekayo (apho isidingo sifuneka ngamandla), ukufikelela kwiimveliso ezisisiseko zemiqoshelo yabasetyhini.

INtshona Koloni inabantwana abasondeleyo kuma-610 082 ababudala buyi-0 ukuya kwisi-4 seminyaka<sup>3</sup>. Nangona kubonisa ukhula kwezinguqela ukukhula kwabantu kolubalo lwabemi kwiminyaka engaphezulu kwemihlanu ezayo ukuya kwishumi leminyaka ngenxa yokukhula kwizinga lenzala, imiba yokhuselo, uphuhliso lwengqiqo, kwaye nesondlo sizakujolisa kakhulu kumangenelelo e-ECD. Injongo yamangenelelo e-ECD kukwenza ukuba abantwana bakwazi ukumelana ngcono esikolweni kwaye ngoko babenako ukufumana iziphumo ezingcono ezifundweni, ekufaneleke kuqinisekise ukuba nofikelelo kumathuba amaninzi ebomini. Inkxaso-mali yesibonelelo soxhomekeko se-ECD asizi kubanako nje kuphela ukulungisa uphuculo lweziseko esezikho kunye nenkxaso kumaziko e-ECD kodwa ukongeza ulwandiso kuphuculo nenkxaso kwii-ECD. Uphunyezo lwesigaba sesibini senkqubo ye-PSG 2 ye-ECD kuphuculo lwenkqubo yokufunda nokubala kwiziza ezingama-65 luyakuxhaswa. Isicwangciso se-ECD yePhondo sizakulungelelaniswa noMgaqo-nkqubo oHlangeneyo we-ECD entsha kaZwelonke kwaye uza kubonisa udluliselo lweSebe lweenkonzo ezibalulekileyo ze-ECD kwiphondo ngokomgaqo-nkqubo ngamnye.

ISebe liyakuqhubeka ngoncedo lwayo lobunkokheli beprojekthi ye-PSG 3, injongo nenamathuba aqhelekileyo, okuxhasa nokukhuthaza amalungelo okuxhobisa ngokwasempilweni kunye nangokwezoqoqosho lwentlalo lwaBantu abaphila ngoKhubazeko, iintsapho zabo kunye nabakhathaleli. ISebe liyaqhubeka ukuphumeza isiGwebo sowama-2010 ngokubonelela ngemivuzo yabakhathaleli kunye nabaphumezi benkqubo abasebenza ngabantwana abakhubazake kakhulu ngokwengqondo kwanokubonelela ngenkxaso yezothutho olukhuselekileyo kubantwana ukusuka nokuya kumaziko abo okhathalelo kunye nokunikela ngeenkonzo zokhuselo kumacweyo kunye nakumaziko eendawo zokuhlala.

INtshona Koloni likhaya kwisi-2.2 sezigidi kulutsha oluphakathi kobudala be-15 nama-34 eminyaka<sup>4</sup>. Usebenzisa iinkcukacha ze-Census yama-2011, kuqatshelwe ukuba i-13 lee pesenti lolu lutsha (lusondele kuma-277 160) lungathathwa nje "ngolungasebenziyo, olungafundiyo okanye olungekho phantsi koqeqesho" (NEETs). Ukongeza, olungaphezulu kwama-60 eepesenti ulutsha olungasebenziyo lunemfundo engaphantsi kwematriki. Ukuxhaphaza

<sup>3</sup> Stats SA, Mid-Year Population Estimates, 2018.

<sup>4</sup> Stats SA Mid-Year Estimates, 2018.

iziyobisi nokubandakanyeka kubugewu bano kwaye baqhubeka ukubanefuthe elibi kwintlalo yabantu abatsha. Oku kudibanisa nobuthathaka kwezoqoqosho lwaseMzantsi Afrika kunye nokunqongophala kwamathuba omsebenzi okukhokelela kwizidingo eziphezulu zeenkondo emazinikezelwe kulutsha. Nangona kunjalo, kuncinci okungumqobo kwizicwangciso zokuphuma lugqibile ulutsha kwiinkqubo yezakhono. Ngoko ke, ezona zinto ziphambili kwiSebe ngaphezulu kwe-MTEF kukuqinisekisa ukuba zonke iinkqubo ezijolise kulutsha zesebe zilungelelaniswa neziphumo zexesha elide lesiCwangciso soPhuhliso loLutsha lwePhondo (PYDS), kwaye esijoliswe kwizicwangciso ze-NEETs. ISebe liyakubeka phambili inkxaso-mali yee-NPO ezisebenza nolutsha olusemngciphekweni ophezulu, nezizama ukulungeleliswa neenkqubo ezijoliswe kulutsha ze-NPO neziphumo ze-PYDS ngokuhlangene necandelo lolutsha. ISebe lizakuqhubeka lisebenzisana neSebe leNkulumbuso (DotP) ukuqinisekisa ngolungelelwaniso kunye nophunyezo oluxananazileyo lweenkqubo ezijoliswe kulutsha kuwo onke amasebe ephondo. Ukongeza, inkqubo yobuPhathiswa boLutsha lwaseKapa eMsebenzini iza kudluliselwa kwiphondo liphela.

ISebe lizakuqhubeka lisandisa umzila we-Youth Café kwi-MTEF, ngokusebenzisa inkqubo ehambayo ye-Youth Café kunye nee-Youth Café ezongezweyo okwangoku iphantsi koluntu olungafumani-nkonzo zaneleyo. Okangoku zili-11ii-Youth Cafés ezisebenzayo ephondweni, eGreat Brak River, eGeorge, e-Oudtshoorn, eVelddrift, eMitchells Plain, eVrygrond, eNyanga, eBredasdorp, eVilliersdorp, eCrossroads, naseSaldanha Bay.

Ulwaphulo-mthetho ekuhlaleni kuhlala kuyinto ephambili kwaye iSebe lizakuhlala lijolise ekuphumezeni izibophelelo zalo zomiso-mthetho malunga noMthetho wezoBulungisa waBantwana (75/2008) kunye noMthetho woLungiso lweenkonzo zoLingo lwamabanjwa (35/2002), kwaye uqhubeka nothintelo lwawo wolophulo-mthetho kunye neenkondo zenkxaso yentlalo ngokwengqondo kumaxhoba olwaphulo-mthetho ephondweni, ngakumbi kumaxhoba axhatshazwe ngokwesondo. Ulingo olukhethekileyo lwamabanjwa kunye neenkondo eziphambukayo kubantwana, kulutsha nakwabadala ezingahambelani nomthetho ziyakuqhubeka zinikezelwa kuluntu olukumngcipheko ophezulu. I-VEP iyakubonelela amaxhoba ngeenkondo zenkxaso kuquka ububonelelwa ngeendawo zokuhlala zamaxhoba olwaphulo-mthetho kunye nodushe (oninzi lwabo ingabasetyhini nabantwana), indawu yokuhlala ekhethekileyo yamaxhoba okurhwetya kwabantu nothintelo kunye neenkondo zoncedo lokuqala kuluntu, iintsapho kunye nomntu ngamnye. Intsebenziswano ne-PSG 3 iyaqhubeka ukufuna, ngaphezu kwezinye izinto, ukuba sibonelele ngenkxaso yezentlalo ngokwengqondo kunye nezinye iinkondo ezifana ne:

- Unyango namancedo anxulumene nokuxhatshazwa kwezinyobisi;
- Amancedo okukhusela abantwana kuxhatshazo okanye ukungahoywa;
- Ukhathalelo nenkxaso kumaxhoba oxhatshazo kwasemakhaya;
- Ukhathalelo nenkxaso kumaxhoba okuxhatshazwa ngokwesondo; kunye
- Nenkxaso kwiintsapho nabazali abasemngciphekweni kunye nokunciphisa ingozi enxulumene nezifo zentlalo.

Kubekho ukunyuka ngesi-5 seepesenti kumatyala akudidi<sup>5</sup> ali-17 anobunzima afakwe luluntu ngaphezulu kwesithuba seminyaka-eli-10 (2008-2018). Ekuqukiweyo koludidi ludidana lolwaphulo-mthetho olubonise ukunyuka ngama-28 eepesenti ngaphezulu kwesithuba seminyaka-eli-10 eNtshona Koloni. Okuxhalabisayo lizinga lobugebenga eliphezulu lama-57.0 nge-100 000 nganye yobalo lwabemi; eliphakamileyo kakhulu kunezinga lokubulawa kwabantu emhlabeni wonke lesi-6.2 nge-100 000 nganye yobalo lwabemi. Udushe lwemigewu luhlala luyinkxalabo enkulu<sup>6</sup>, ngegalelo leNtshona Koloni lama-83 eepesenti kwini elipheleleyo lobugebenga kuzwelonke elayanyaniswa nobugewu. Iphondo likwagalele ngomnye wemilinganiselo ephhezulu (i-16.6 leepesenti) kwizinga likazwelonke lobugebenga

<sup>5</sup> South African Police Services (2018). Crime Situation in South Africa 1 April 2017-31 March 2018.

<sup>6</sup> South African Police Services (2018). Crime Situation in South Africa 1 April 2017-31 March 2018.

kubantwana nakwabasetyhini elizweni. Ngokumalunga noxhatshazo ngokwezesondo, amatyala angama-7 075 afakwe ku-SAPS ngowama-2017/2018, ngezinga lesehlo se-108.1 nge-100 000 ngalinye lobalo lwabemi<sup>7</sup>. Ngokweenkcukacha ezivela kwiSebe lezeMphilo kwangexesha elinyekwiSebe lezeMphilo kwangethuba elinye, amatyala angama-7 718 ohlaselo ngokwezesondo afakwe kumaziko ezempilo ephondweni. Kubekho ukunyuka kwe-17.2 leepesenti kumatyala ohlaselo ngokwezesondo afakwe kumaziko ezempilo ephondweni kwisithuba sowama-2015/16 ukuya kowama-2017/18.

ISebe lizakuqhubeka ngentsebenziswano yamacandelo ngokusebenzisa ezoBulungisa, uThintelo loLwaphulo-mthetho neQela loKhuseleko, iQela loLuntu kunye nee-NPO ezifanelekileyo. Indima kuthintelo lolwaphulo-mthetho iquka ukuqhubeka ngokupheleleyo kokhathalelo (uthintelo, ukungenelela kwasekuqaleni, iinkonzo ezisemthethweni kunye nokubuyiswa kwakhona) olunikezelwayo oluvela kuKhethuselo lwabaBantwana, kwii-CYCC, kuLondolozo lweeNtsapho, kuXhatshazo lweziYobisi, ulwaphulo-mthetho lweNtlalo, kunye neenkqubo zokuXhotyiswa kwamaXhoba. ISebe likwathatha inxaxheba kwiKomiti yeNdiBano yezinto eziyiNtloko kwiPhondo (Prov.Joints) eququzelelwe liSebe loKhuselelo loLuntu ukuphumeza isiCwangciso esiChasene nobuGewu sikaZwelonke kwiNtshona Koloni kwaye liqinisa iinkqubo zalo zothintelo lolwaphulo-mthetho lwentlalo kumabanga aphantsi naphezulu ezikolweni kwiindawo ezikumngcipheko ophezulu.

Ixesha lokuphila emhlabeni kubantu abadala eNtshona Koloni kuyaqhubeka ukuphucuka. Ukongezeka kwexesha lokuphila emhlabeni (liqikelelwa kuma-66.2 kumadoda ize ibe ngama-72.1 kwabasetyhini) kokona kuhambisa phambili ubudala babemi ephondweni. Ubudala kubemi baseNtshona Koloni bubonakala ngokukhula kwini labantu ngama-25 eepesenti kudidi lwama-65 eminyaka nangaphezulu lubonakala lusenzeka kwiminyaka emihlanu ezayo. Ngokwe-Stats SA<sup>8</sup>, iNtshona Koloni inabantu abangama-628 470 ababudala bungama-65 eminyaka nangaphezulu. Uqikelelo lwakutsha nje lobalo lwabemi lwalatha ukuba ubalo lwabemi babantu abangaphezu kwama-65 luzakukhula ukuya kuma-788 024 ngowama-2024<sup>9</sup>. Ukhathalelo lwabantu abadala, ngakumbi ukwandisa ukuzimela kunye nokuncedisa ukuphila, ukhathalelo kwabo babuthathaka kunye namangenelelo asekelwe kuluntu ngokufanelekileyo kuhlala kuphambili kwiSebe. Iinkonzo kubantu abadala ziquka, amagunya obhaliso lwamaziko eendawo zokuhlala zabucala ezifumene inkxaso, amaziko eenkonzo ezisekelwe kuluntu, kunye nokhathalelo lwendawo yokuhlala kuquka ukuphila okuncediswayo nokuzimeleyo. Iinkqubo ezisebenzayo ziyakhuthazwa kumaziko eenkonzo ezisekelwe kuluntu.

Ubungakanani bokuxhatshazwa kweziyobisi kwiphondo kunye nokunxulumene nazo kwizifo ezahlukeneyo zentlalo zidinga uncedo olungxamisekileyo njengoko iNtshona Koloni ihlala iliphondo elinezinga eliphezulu lolwaphulo-mthetho olunxulumene neziyobisi ngamatyala ali-117 157 afakiweyo ngowama-2017/18, isenza ama-36.2 eepesenti xa zizonke zolwaphulo-mthetho ezinxulumene neziyobisi afunyenwe eMzantsi Afrika (amatyala angama-323 547). Kukonke kubekho ukunyuka nge-122 yeepesenti kulwaphulo-mthetho olunxulumene neziyobisi bufunyenwe kwiNtshona Koloni ngaphezulu kweminyaka-eli-10 kwisithuba esisuka kuma-2008/09 ukuya kowama-2017/18<sup>10</sup>. Ezinye iindawo eziyinkxalabo, ezigqanyiswe yi-Network ye-Epidemiology yoLuntu lwaseMzantsi Afrika kuSetyenziso lweziYobisi (SACENDU)<sup>11</sup>, okunxulumene nokuxhatshazwa kweziyobisi ephondweni kukukhula kwabasetyhini abafuna unyango kuxhatshazo kweziyobisi, kwanokunyuka ekusetyenzisweni kwe-methamphetamine ngabasetyhini kunye nokunyuka kukonke kwabantu abaphakathi kobudala obungama-20-35 eminyaka abafuna unyango loxhatshazo lweziyobisi ephondweni.

Iindlela zokunciphisa eziphunyezwe liSebe ziquka ibhaso lebhasari yokukhathalela ubungedle koonontlalo-ntle kunye nophunyezo lweenkqubo zoncedo loxhatshazo lweziyobisi

<sup>7</sup> South African Police Services (2018). Crime Situation in South Africa 1 April 2017-31 March 2018.

<sup>8</sup> Stats SA Mid-Year Estimates, 2017.

<sup>9</sup> Stats SA Mid-Year Estimates, 2017.

<sup>10</sup> South African Police Services (2018). Crime Situation in South Africa 1 April 2017-31 March 2018.

<sup>11</sup> SACENDU (June 2018). Update for the period July-December 2017.

kukhathalelo lokhuselo nee-CYCC ezingezozakhuselo zesebe. Ukususela ngonyaka-mali wama-2017/18, iSebe libhalise amaziko onyango loxhatshazo lweziyobisi ezingama-61 (afumene inkxaso nawabucala) oko kukuthi amaziko ali-12 lezigulana zangaphakathi; izindlu ezimbini; amaziko asekelwe kuluntu angama-46; kunye neziko elinye lezigulana zangaphandle. Inkqubo yonyango loxhatshazo lweziyobisi yeSebe ikhule ngokumangalisayo ukususela ngowama-2009. Ukusebenza kwenkqubo ngoko kungenxa yovavanyo. Kude kube ngoku, iSebe lizakuphumeza uvavanyo lwephondo oluzakujolisa koku kulandelayo:

- Liliphi elona futhe linegalelo ekuphumeni okuphezulu kwezigulana zangaphandle kunyango?
- Ziziphi izenzo zophuhliso ezenziwe zii-NPO ezizona zibonakale zisebenza ekunciphiseni imingcipheko yokuphuma kwabaxhasi?
- Ziziphi iindlela ezingcono ezinokumiselwa ezisebenzayo nezinexabiso lemali yenkqubo yonyango lwezigulana zangaphandle, ifuthe elinokulinganiswa elifana nokuphindela emva, nokuzindleko kuRhulumente ngomxhasi ngamnye nokuba ingaba izixhobo ezikhoyo zokulinganisa zinokukwazi ukwenza njalo? kwaye
- Zeziphi kwiinkqubo ezikhoyo zonyango lwezigulana zethu zangaphandle ezibonelela ngcono nezinexabiso lemali?

## 5.2 Ubume boMbutho

Isakhiwo sombutho esisebenza kakuhle kunye neenkqubo ezifanelekileyo zoshishino zibalulekile ekuqhubeni izigunyaziso zomthetho weSebe. Ukuza kuthi ga ngoku, iSebe lenze utshintsho oluncinci kulwakiwo kwaye luyaqhubeka luphuhla, qeqesha abasebenzi kulo, uze uphumeze imigangatho yalo yeenkqubo ezisebenzayo ukwenza ukuhanjiswa kwenkonzo efanelekileyo.

### Ulwakiwo loMbutho

Umbutho uyila iindlela zeyunithi enikezela ngeenkonzo kuBantu abaphila ngoKhubazeko lwezeNgqondo (phakathi kwiCandelo lolawulo: iiNkqubo eziKhethekileyo), iCandelo eliyiNtloko: uCwangciso neQhinga loShishino, kunye noLawulo lweCandelo loBuchule zagqitywa zaze zafakwa kwiSebe leNkonzo yoLuntu kunye noLawulo (DPSA) ukuze zamkelwe. Uphunyezo lucwangciselwe ikota edulileyo yowama-2018/19 kunye nekota yokuqala yoonyaka-mali boma-2019/20. Ngokubhekiselele ekudalweni kweCandelo eliyiNtloko lezeNtlalontle elongeziweyo, inkqubo loyilo lombutho yagqitywa, kwaye uphunyezo lucwangciselwe owama-2019/20, ngenxa yesigqibo esanelisayo semfuneko yokubonisana kunye neendlela zokunika ingxelo nabachaphazelekayo abohlukeneyo. Okokugqibela, ukubonisana kunye nabasebenzi abahleliweyo kwisakhiwo esitsha seengingqi ezintandathu ezihlelelelwe unyaka-mali wama-2019/20. Olu tshintsho kwisakhiwo esincinci seSebe siza kubonelele abasebenzi ngesakhiwo nokumisela abasebenzi abaxhasa uhanjiso lwenkonzo olufanelekileyo.

### Iinkqubo zoShishino

Iinkqubo zokusebenza eziqhelekileyo (SOP) zophunyezo olusemthethweni lweenkonzo zobunontlalontle, umzekelo, umjelokazi, ingqesho, ukuhlola nokuphicotha ukhathalelo nokhuselo lwabantwana kubazali kubantwana, ukuthatha inxaxheba kweSebe kwindibano zohlaziyo kukufa kwabantwana, kunye nesivumelwano sokuphelisa okanye sokurhoxa kwiinkonzo zentlalo-ntle kwiindawo zokusebenza ezizalisekiweyo. Oku, kudibene ne-SOP kulingelelaniswe neMimiselo nemiGangatho yeeNkonzo zeNtlalo-ntle, ukuqinisekisa ukuba iingcali zoonontlalo-ntle zizalisekisa iindlela zomgangatho ofanayo kuhanjiso lweenkonzo.

Ngokuhambelana neyona ndawo ekujoliswe kuyo, iSebe lizibophelele kwisiCwangciso sokuPhucula ukuhanjiswa kweNkonzo (SDIP) ngowama-2018-21 esigxile kuKhathalelo noKhuselo lwaBantwana. Iinkonzo ezimbini zibekwa phambili ukuze ziphuculwe kwiminyaka emithathu ezayo zezi:

- Inkonzo yoku-1: uKhuselo lwaBantwana – Ukuqhuba umsebenzi wokubeka iliso kwimibutho yokhuselo eyalathiweyo (DCPOs).

- Inkonzo yesi-2: uLawulo lokuKhathalela aBantwana – Inqesho kunye noqeqesho lwabazali bokhuselo nokhathalelo lwabantwana.

Ngokubhekiselele kwiinkonzo zalo zenkxaso, iSebe liyaqhubeka ukucokisa iindlela zolawulo lweenkcukacha zokusebenza ngokuhlaziya kwakhona nokwamkela iinkcukacha zokuSebenza ze-SOP.

Ukulawulwa kwemibuzo yi-SOP, izikhalazo neengxelo ezifakwa ngabemi zifunyanwa ngokusebenzisa iziko lemiNxeba lase-WCG kwavunyuwa kwaye kwaphunyezwa. Ukuqinisekisa ukuba izicelo zeenkukacha, izikhalazo malunga nohanjiso lweenkonzo kunye neengxelo zemcimbi yabemi eziyinkxalabo kubo ziqwalaselwa kwangexesha; ukuba iinkcukacha zomxhasi zigcinwa ziyimfihlo; kwaye zonke iirekhodi neempendulo zomxhasi ngoko zikhuseleke ngokukodwa.

Ngokubhekisele kwiinkqubo zoLawulo lweNtengiso (SCM), iSebe liqhubekile ukuphumeza isicwangciso sokufumana – intsebenziswano nolwakhiwo lwenkqubo ehlatutya ngokungenalusi ukuchithwa nokusetyenziswa kweenkcukacha ukwenza izigqibo zoshishino ngobuchule malunga nokufunyanwa kweempahla zorhwebo kunye neenkonzo ekuphenduleni kwindlela ye-NDP yokwahlula okuphendula kwiinkonzo zokuthenga. Oku, kudibene nohlaziyo kwakhona lokwakhiwa kweSCM yeSebe kunye nezikhokelo ngokufutshane zokuphumeza, ziyakuqinisekisa ukuba inkqubo efanekileyo ye-SCM ixhotyiswe ngokwaneleyo.

IsiCwangciso sokuQhubeka soShishino se-Ofisi eyiNtloko yeSebe kwakunye nesiCwangciso sokuQhubeka soShishino lwaManzi lweSebe lonke lizakuqhubeka liphunyezwa kwaye lilungelelaniswe nesiCwangciso soLawulo lwee-Asethi nguMsebenzisi (U-AMP).

Ekugqibeleni, iSebe lizakuqhubeka ngophunyezo lwezicwangciso zeenkonzo njengendlela yokusebenzisa isiVumelwano seZinga leNkonzo (SLA) enaso neZiko leNkonzo zeQumrhu le-DotP (CSC). Kananjalo lizakuqhubeka nokuphumeza kunye nokucokisa izicwangciso zeenkonzo zazo ii-SOP ekulawulweni kweenkqubo zoluleko, ulawulo lwekhefu kunye nokuqeshwa nokukhethwa kwabasebenzi.

## Ulawulo lwezaBasebenzi

### Inqesho nezithuba ezivulelekileyo

ISebe okwangoku likwinkqubo yokuzalisa izithuba zemisebenzi ezishiyeke zivulelekile ezifumene inkxaso-mali phakathi kwizakhiwo ezivunyiweyo zombutho weSebe kwaye kuqeshwe oonontlalo-ntle abanezidanga abangama-37 ababengabaxhamli bebhazari yesivumelwano seSebe likaZwelonke loPhuhliso loLuntu (NDSD). Oonontlalo-ntle abanezidanga abasebenzela izibhambathiso zabo zebhazari ngabona baninzi kwabaqashiweyo ukuzalisa izithuba ezongezelelweyo kumiselo lwabasebenzi. Ezishiyekileyo ubuninzi ziziphumo zangaphambili zohlengahlengiso lweenkqubo olubone kukhutshwa ngaphandle iinkonzo ezingabalulekanga ezinje ngezokucoca nokhuseleko.

ISebe likwahlaziye kwakhona iiyunithi zalo zequmrhu leengingqi ukuqinisekisa ukufumaneka kwabasebenzi abancedisayo aboneleyo. Uhlaziyo kwakhona luzakugqitywa ngelixesha lonyaka-mali.

### Itheyibhile 1: Inqesho nezithuba ngokwenkqubo

Inqesho nezithuba ngokwenkqubo, ngokowomhla wesi-5 kweyeNkanga kowama-2018				
Inkqubo	Inkxaso-mali	Inani lezithuba ezizalisiweyo	Izinga lesithuba	Inani lezithuba ezizalisiweyo uKongeza kweZisekiweyo
Inkqubo yoku-1: uLawulo	454	385	15%	56
Inkqubo yesi-2: iinkonzo zeNtlalo-ntle	1 045	1009	3%	37
Inkqubo yesi-3: Abantwana neeNtsapho	74	66	11%	3
Inkqubo yesi-4: iinkonzo zoHlaziyo	641	557	13%	28

Inkqubo yesi-5: uPhuhliso noPhando	46	29	50%	2
<b>Imali iYonke</b>	<b>2 260</b>	<b>2 046</b>	<b>9%</b>	<b>126</b>

### ItheYibhile yesi-2: Ingqesho neziThuba ngokweNqanaba loMvuzo

Ingqesho neziThuba ngokweNqanaba loMvuzo, ngokowesi-5 kweyeNkanga kowama-2018				
AmaNqanaba oMvuzo	Axhasiweyo	Inani leziThuba eziZalisiweyo	Izinga lesiThuba	Inani leziThuba eziZalisiweyo uKongeza kweZisekiweyo
Abanezakhono eziphantsi (Amanqanaba 1-2)	34	16	59%	2
Abanezakhono (Amanqanaba 3-5)	784	658	16%	31
Abakumgangatho oPhezulu weZakhono zeMveliso (Amanqanaba 6-8)	1 059	980	7%	80
Abanezakhono zoLawulo oluPhezulu (Amanqanaba 9-12)	358	368	2%	13
Abaphathi boLawulo oluPhezulu (Amanqanaba 13-16)	25	24	4%	0
<b>Imali iYonke</b>	<b>2 260</b>	<b>2 046</b>	<b>9%</b>	<b>126</b>

### Uqeqesho lwabasebenzi

Ngexesha lonyaka-mali wama-2019/20 iSebe lizakuphumeza inani lamathuba oqeqesho nophuhliso ukuqubisana nezikhewu zezakhono phakathi kubasebenzi balo. Oku kuquka uqeqesho kwiNcwadana yokwaMkela ooNontlalo-ntle boKhuselo lwaBantwana; uQeqesho lwe-HIRA; ukulwa uMlilo; umCwangcisi woMgangatho; uNcedo lokuQala (Amanqanaba 1 nelesi-2); uqeqesho lwe-Advance Handyman; Intshayelelo ku-SAMTRACK; uMmeli woKhuseleko; uVavanyo loBuchule i-SL 9 - 10; uLwimi lweZandla; Isixhosa sabaQalayo; i-POPIA; iNkqubo yeMfundo yoQeqesho noPhuhliso; uQeqesho lwe-Trauma, ukuFelwa; i-PAJA; i-PAIA; i-Play Therapy; uQeqesho loMthetho waBantwana; uQeqesho loVavanyo loMngcipheko woKhuseleko (SRAT); iNkqubo yoLwamkelo; ukuCebisa nokuFundisa; i-Trauma yaBantwana; uQeqesho ngokuZiphatha; ukuFundisa ngoKhuselo; ukuLumkisa ngobuQhetseba; uLawulo loMngcipheko; uQeqesho lwe-PSIRA; uXhatshazo ngokweSondo kumaGosa oXhatshazo ngokweSondo; ukuLamla; iiNgcebiso nge-Trauma nokuBuzisisa; ukuFunda ngeKhompyutha; iiLayisenisi zokuQhuba (zoonontlalo-ntle); iNkxaso yeNtlalo ye-Psychosocial; i-BAS; i-PERSAL; kunye nezinye iimfundo zoqeqesho ezininzi ezichongwe ngabasebenzi kunye nabongameli/nabaphathi babo.

ISebe lizabile iibhasari ezintsha ezingama-50 lisabela abasebenzi abakumacandelo akhethekileyo apho izakhono zinqongophele khona ezizezi, ubalo lwezemali, ulawulo lwentengo, iinkonzo zolingo lamabanjwa, ukhathalelo kubungedle, izifundo ngabantwana nangeentsapho, kwakunye nophando lweenkundla nobunontlalo-ntle bezibhedlele. Ama-23 eebhasari zokhathalelo lobungedle nazo zinikezelwe kubantu abangaphandle kwiSebe ukuqinisa ukufumaneka kweengcali ezineziqinisekiso kwelicandelo. Umthamo wabongameli babasebenzi beSebe (amanqanaba omvuzo we-9 ukuya kwi-10) nawo uzakuqwalaselwa. Inqanaba lokuqala lale nkqubo ziimvavanyo zobuchule, elizakuthi lenze iSebe libenako ukuchonga iimfuneko zoqeqesho lwamagosa. Emva koko, uncedo ekujoliswe kulo luqeqesho lusekelwe kwiimfuno zomntu ngamnye luyakuphunyezwa.

Ubonelelo lwamathuba oqeqesho alunakugxininiswa ngaphezu kokuba kwenziwe njengoko lusebenza ngoncedo lokwaxhiwa komthamo ophucula izakhono, kunye nokuphuculwa komgangatho wohanjiso lweenkonzo.

### Intsebenziswano nobudlelwane

Ekuqinisekiseni ngokuhlangana nokufikelela kuhanjiso lweenkonzo, iSebe lisebenzisene laza langena kubudlelwane bamacandelo kunye noorhulumente, isiVumelwano sokuQondana

(MOU) kunye nee-SLA namanye amasebe karhulumente, oomasipala kunye namacandelo obudlelwane babucala. Nceda ujonge kwisiHlomelo F ukufumana iinkcukacha ezithe vetshe.

## Imeko yezobugcisa

Ukuqinisekisa ukuba iSebe lijolisa iinkonzo zalo ngokufanelekileyo, iinkqubo zeeNkcukacha zeNdawo (GIS) zobugcisa zisetyenziselwa ukubonisa abemi abangabaxhasi balo (kunye nabemi bexesha elizayo busekelwe kwiinkcukacha ezibonisiweyo) ngokuchasene nohanjiso lweenkonzo lwangoku kunye nesalathiso sezozoqoqosho lwentlalo. Kamva ngumlinganiselo osetyenziswa ekuchongweni koluntu okumele kujoliswe kulo nolona lunesidingo esimandla. Uhlalutyo lwendawo lwalathisa ukuba ingaba izixhobo zokuhanjiswa kweenkonzo zeSebe zisasazwe ngokwaneleyo na kwindawo eqokolela amanzi yoluntu ekujoliswe kulo. Ujoliso lwendawo lubaluleke ngaphezulu kwimeko yezoqoqosho ephawulwe ngokunyusa uxinzelelo kuhlalo lwabiwo-mali lobonelelo ngeenkonzo ezisemthethweni. Ezi nkcukacha zibonisiwe kwiinkqubo zesicwangciso esidibene nabasemagunyeni basekuhlaleni. Ngaphaya koko, iSebe lineprojekthi eqhubekayo yokuhlaziya ingxelo yokuhanjiswa kweenkonzo (kuquka iinkonzo ze-NPO ezifumene inkxaso) kwiindawo ezikwiphondo kwicandelo lokuhambisa iinkonzo (SDA) inqanaba lokuchaza ngokucacileyo isidingo seenkonzo, izikhewu kuhanjiso lweenkonzo kunye nokuqonda ukuba zeziphi iinkonzo emazihanjiswe kuqala ukuze kuthathwe izigqibo phakathi kweemfuno zobuchule nokuphambili okuxhalabisayo.

Iinkqubo ze-IT zidlala iindawo enkulu ekusebenzeni ngokuphumeleleyo kweSebe. Kude kube kaloku nje iSebe liyaqhubeka ukuqinisekisa ngolawulo lwe-ICT kunye neendlela zeenkqubo zolawulo nemisebenzi zisendaweni kwaye ziyasebenza. Iintlanganiselo zayo zakabini ngenyanga zeKomiti eMiyo ye-IT ukuqinisekisa ukuba isixhobo se-ICT yeSebe, i-software kunye nendlela yolwabiwo lweenkonzo luhambelana nemigangatho ye-WCG kwaye intengiso yayo kunye neenkqubo zokulahlwa kwempahla zihambelana ne-Arhente yoBugcisa beeNkcukacha zikaRhulumente kunye (SITA) noMthetho (88/1998) njengoko kulungisiwe nguMthetho we-SITA (38/2002), umgangatho we-ICT ye-WCG kunye nentengiso evunyiweyo yeSebe nomgaqo-nkqubo kunye neendlela zokulahlwa kwempahla.

Umgqaqo-nkqubo we-ICT yesebe wahlaziywa kwaye uyakuphunyezwa ngexesha lowama-2019/20 apho kuqinisekisiweyo ukuba amagosa angafikelela kwisixhobo se-ICT kunye neenkonzo ezifunekayo kuhanjiso lweenkonzo ezifanelekileyo ngendlela ekhuthaleyo. IsiCwangciso seQhinga le-ICT ihlaziywe kwakhona ngonyaka kunye nesicwangciso sobuyiselo lwentlekele ye-ICT yeSebe savunywa kwaye savavanywa ngexesha lowama-2018. Isicwangciso sovavanyo sizakuhlaziywa ngonyaka. Oku kuza kuqinisekisa ukuqhubeka kweenkonzo ze-ICT phakathi kwiSebe.

Inkxaso yolawulo lwenkqubo izakuqhubeka ukubonelela kwiinkqubo ze-ICT kazwelonke ezinje nge-VEP kunye noBhaliso lokuXhatshazwa kwaBantu aBadala (VEPOP), iinkqubo yoLawulo lwamaTyala oLingo lwamabanjwa (PCM), uBhaliso loKhuselo lwaBantwana (CPR) kunye neziCelo zoKhathalelo lwaBantwana noLutsha (CYCA); kunye nenkqubo yoLawulo lweMeko ye-Elektroniki ephondweni.


Uvavanyo kunye nokuphunyezwa kweNkqubo yoLawulo lwe-NPO yesebe ihlala iye phambili kunyaka ozayo. Uphuhliso lwenkqubo luququqanjelwe kodwa aluphunyezwa ngokupheleleyo. Inkqubo ibonelela ngenqaku elilodwa le nyaniso ngokumalunga nee-NPO ezifumene inkxaso nezingafumananga nkxaso kwaye zinciphisa amathuba okuphindwa kabini okubangelwe yinkqubo ekhoyo yokwenza ngezandla, njengoko ibekwe endaweni yeengxelo neenkukacha ezininzi ezisekelwe kwi-MS Excel ezisetyenziswayo ngoku zokuvavanyo uthotyelo noniko lwengxelo ze-NPO. Inkqubo iya kuvelisa ukusebenza ekuhlawulweni kwenkxaso edluliselwa kwii-NPO ngothotyelo oluzenzekelayo lovavanyo lwamaxwebhu entlawulo anje ngeengxelo ezivunyiweyo ze-NPO, iingxelo zemali kunye nee-TPA. Ukongeza, iinkcukacha zolawulo olunxulumana nokusasazwa kweenkonzo ezifumene inkxaso kunye nendawo yamaqela asesichengeni ayesichengeni ayakwenza ngcono iSebe libenako ukujolisa iinkonzo zalo. Ubonelelo lwe-DPSA ngokusebenzisa iTerelo Boscha eqhuba inkxaso-mali yesibonelelo esongezelelweyo esenza iSebe likwazi ukwandisa ukusebenza kwenkqubo yolawulo lwe-NPO ngexesha lowama-2018/19 kunye nokuhlanganisa izigaba ezilandelayo eziza kuvavanywa zize ziphunyezwe ngowama-2019/20 nowama-2020/21:



- Ulungelelwano lokusebenzisana kunye nentlawulo ye-BAS (uphuculo kwindlela yangoku yentlawulo);
- Isicelo senxaso-mali noVavanyo lwezicelo (imodyuli entsha);
- Ukubeka iliso kunye novavanyo (imodyuli entsha);
- Ulawulo lokwenza umsebenzi (imodyuli entsha);
- Uhlanganiso nezinye iinkqubo (GIS, MyContent) (uphuculo lwemodyuli yangoko); kunye
- Iinkcukacha ezikhethekileyo kunye noniko lwengxelo lwe-ECD (uphuculo lweenkcukacha ze-NPO yee-ECD).

Isibe lizakuqubeka neendlela zalo ezingqongqo kwimeko yobugcisa, enje ngokwandisa uhlaziyo lwayo lwe-ICT ukusuka kwiminyaka emihlanu kuya kwemithandathu, nokukhawulezisa i-Voice Over Internet Protocol (VOIP) esekelwe kwiinkonzo zonxibelelwano apho ii-ofisi zithungelwe kumnatha obanzi we-intanethi ye-WCG. Iinkonzo zonxibelelwano ze-VOIP iza kuzisa imali eninzi ngexesha elide. I-Skype soShishino siya kuphakanyiswa apho ii-ofisi zifuduselwe kwi-Microsoft Office 365. Oku kuya kwenza ii-ofisi ezikude zibe nako uku" dibana" ubuso ngobuso noomlawuli nabaphathi ngaphandle kokuhamba amabango amade, ukulondoloza ixesha kunye neendleko zothutho.

### 5.3 Ulwakhiwo loMbutfo



\* Unfunded.

## 5.4 Inkcazo ngeNkqubo yesiCwangciso seQhinga

Ingxelo yesicwangciso seqhinga yaziswa luhlalutyo lweziphumo zikazwelonke kunye nezinto eziphambili eziqulathwe kwi-NDP, kwiziphumo ze-MTSF, kwizinto eziphambili zephondo kunye nee-PSG, kwaye zaphuhliswa ngokusebenzisa ezindlela zilandelayo:

- linkqubo zokuhlaziywa kwangaphakathi yaqhutywa, apho kukho imfuneko, utshintsho olongezelelekileyo, iindlela zokunciphisa umngcipheko ziphuhlisiwe;
- Uthatho-nxaxheba kweSebe likaZwelonke LoPhuhliso Loluntu (NDS) iseshoni yecandelo lesicwangciso seqhinga elibonise umsebenzi wecandelo kwisithuba sowama-2014-2019, uhlalutyo lwezicwangciso zokusebenza zonyaka ephondweni kwanokuzinziswa kwabaPhathiswa bama-2018 kunye namaLungu eNtlanganiso yamaBhunga aPhetheyo (MINMEC) ezinto eziphambili kwakunye neemfanelo zocwangciso lwephondo olubonakala kwinkqubela phambili ekunye ne-PSGs yexesha elifanayo;
- ISebe liyabandakanyeka kwizicwangciso zocweyo ngenkqubo yalo, abasebenzi bendawo yolawulo lokuhanjiswa kwenkonzo zengingqi kunye namaxwebhu olungiselelo bezibonelelwe njengesikhokelo esiligalelo kwiindawo ezihambelana nokulungelelaniswa okumalunga namagunya nenkqubo yesebe, kunye notshintsho kwimeko yohanjiso lwenkonzo;
- Izikhewu kunye nokuphambili kwindawo yohanjiso lwenkonzo yengingqi neyasekuhlaleni, kunye nezicelo zecala lesicwangciso kwi-MTEF, zichongiwe. Uvavanyo luyaqhubeka kwindlela apho iimpendulo zomgaqo-nkqubo zangoku zinciphisa imingeni ekuqubisaneni nezinto eziphambili zengingqi;
- Ukusebenza kunye nokuhlaziywa kolwabiwo-mali kwindlela yokugqibela ye-MTEF kwisithuba ngaphakathi kwimeko yemigqaliselo yenkqubo kunye nezigqibo malunga nokulungiswa kwakhona; kunye
- Isalathiso nophuhliso lokujoliswe kuko kwakunye nezilungiso kwiinkcazelo zesalathiso sobugcisa apho kufaneleke khona.

## 5.5 Ulungelelwano lwamaGunya eSebe

### Ulungelelwano kwizahluko ezifanelekileyo zesiCwangciso soPhuhliso sikaZwelonke (NDP), iziphumo sesiKhokelo zesiCwangciso saPhakathi eNyakeni (MTSF), i-OneCape2040 kunye neeNjongo zesiCwangciso sePhondo (PSG), i-Game Changer

Iziphumo ze-NDP 2030	Iziphumo ze-MTSF 2019	i-OneCape2040	IiNjongo zesiCwangciso sePhondo	Uthatho-nxaxheba lwe-DSD kwi-Game Change yePhondo	IiNjongo ekuJoliswe kuzo zesiPhumo zesiCwangciso seSebe	Ukwakhiwa kweNkqubo yoHlahlo lwabiwo-mali <b>Inkqubo yoku-1: Ulawulo</b> <b>Injongo:</b> Ibonelela ngolawulo lwesicwangciso kunye neenkonzo zenkxaso kuwo onke amanqanaba eSebe – i-ofisi eyintloko; i-ofisi yengingqi; i-ofisi yezekhaya kunye nendawo.
Ukwakha urhulumente okwaziyo nophuhliso. Ukulwa urhwaphilizo.	Inkonzo yoluntu esebenzayo, efanelekileyo nejalise ekuphuhliseni.	<b>iKapa eliKhokelayo:</b> Likucidi aluphambili ehlabathini ekuhanjiseni kweenkonzo ekuJoliswe kuzo.	Ungenelo lolawulo oluhle kunye nokuhanjiswa kwenkonzo ehlangeneyo ngokusebenzisa intsebenziswano kunye nolungelelwano lwendawo.	-	Kukuphucula ulawulo lwequmthu.	<b>Inkqubo yesi-2: IiNkonzo zeNtalo-ntle</b> <b>Injongo:</b> Ibonelela ngeenkonzo ezihlangeneyo zophuhliso lwezintalo-ntle zesebe kwabo bahlupekayo kunye nabasesichengeni kwintsebenziswano nabachaphazelekayo kunye nemibutho yoluntu.
Ukhuselo lwentlalo. Ukhatshalelo lwempilo kumntu wonke. Ukwakha uluntu olukhuselekileyo. Uxhutyiso loluntu Ukwakha izizwe kunye nentsebenziswano yentlalo-ntle.	Inkqubo ebandakanyayo kunye nesabelayo kukhuseleko lwentlalo. Ubomi obude nobunempilo kubo bonke abantu baseMzantsi Afrika. Bonke abantu baseMzantsi Afrika bakhuselekile kwaye baziva bakhuselekile.	<b>iKapa eliThungelanayo:</b> Ukuqaphela nokwandisa ubuulelwane obunakuthi bubekhona. <b>iKapa eliShishinayo:</b> Qala umsebenzi ngokusebenzisa iinkqubo zecandelo lemisebenzi yoluntu kunye noququzelelo lokudala ushishino ekuhlaleni.	Ukwandisa impilo, ukhuselo kunye nokunciphisa izigulo zentlalo.	-	Kukuphucula ukusebenza kwezintalo-ntle lwabantu abahluphekayo nabasesichengeni ngokusebenzisa iinkonzo zentlalo-ntle.	

Iziphumo ze-NDP 2030	Iziphumo ze-MTSF 2019	i-OneCape2040	iInjongo zesiCwangciso sePhondo	Uthatho-nxaxheba lwe-DSD kwi-Game Change yePhondo	iInjongo ekuJoliswe kuzo zesiPhumo sesiCwangciso seSebe	Ukwakhiwa kweNkqubo yoHlahlo lwabiwo-mali
Ukhuselo lwentlalo. Ukhathalelo lwempilo kumntu wonke. Ukwakha uluntu olukhuselekileyo. Uxhotyiso loluntu Ukwakha isizwe kunye nentsebenziswano yentlalo-ntle. Ukuphuculwa kooqeqesho lwezemfundo kunye nokwenza inguqu.	Ukuguqula uluntu kunye nokubumba isizwe.	<b>iKapa eIiPhilayo:</b> Utshintsho ukusuka kujaliso lwezindlu ukuya kolo lweenkonzo, izibonelelo zoluntu kunye nothutho loluntu.	iInjongo zesiCwangciso sePhondo	Uthatho-nxaxheba lwe-DSD kwi-Game Change yePhondo	iInjongo ekuJoliswe kuzo zesiPhumo sesiCwangciso seSebe	Ukwakhiwa kweNkqubo yoHlahlo lwabiwo-mali
Ukhuselo lwentlalo. Ukhathalelo lwempilo kumntu wonke. Ukwakha uluntu olukhuselekileyo. Uxhotyiso loluntu Ukwakha isizwe kunye nentsebenziswano yentlalo-ntle. Ukuphuculwa kooqeqesho lwezemfundo kunye nokwenza inguqu.	Inkqubo ebandakanyayo kunye nesabelayo kukhuseleko lwentlalo. Ubomi obude nobunempilo kubo bonke abantu baseMzantsi Afrika. Bonke abantu baseMzantsi Afrika bakhuselekile kwaye baziva bekhuselekile. Ukuguqula uluntu kunye nokubumba isizwe. Umgangatho ophucukileyo wemfundo esisisekelo.	<b>iKapa eIiThungelano:</b> Ukuqaphela nokwandisa ubudlelwane obunokuthi bubekhona. <b>iKapa eIiFundileyo:</b> Ukulawula inkqubo yemfundo esebenzayo nefanelekileyo kwimigangatho yehlabathi. Ukuququzelela intsebenziswano kwinkqubo yenguqu. <b>iKapa ePhilayo:</b> Utshintsho ukusuka kujaliso lwezindlu ukuya kolo lweenkonzo, izibonelelo zoluntu kunye nothutho loluntu.	Kukwandisa impilo, ukhuselo kunye nokunciphisa izigulo zentlalo. Kukuphucula iziphumo zezemfundo kunye namathuba ophuhliso lolutsha.	<b>Ukwandisa umgangatho wemisebenzi yaseMva kokuphuma kweSikolo:</b> Uthatho-nxaxheba rhoqo kwiinkqubo zasemva kokuphuma kwesikolo ezinegalelo kuphuhliso olwakhayo lolutsha.	Iinkonzo zokhathalelo nenkxaso yabantwana neentsapho ukukhusela amalungelo abantwana nokukhuthaza impilo-ntle eluntwini.	<b>Inkqubo yesi-3: Abantwana neeNisapho Injongo:</b> Ibonelela ngeenkono zokhathalelo nenkxaso yabantwana neentsapho ngokubanzi kuluntu ngenisebenziswano nabachaphazelekayo kunye nemibutho yoluntu.
Ukhuselo lwentlalo. Ukhathalelo lwempilo kumntu wonke.	Inkqubo ebandakanyayo kunye nesabelayo	<b>iKapa eIiThungelano:</b> Ukuqaphela nokwandisa	Kukwandisa impilo, ukhuselo kunye nokunciphisa izigulo zentlalo.		Kukuqubisana nezigulo zentlalo ngokunikezela ngeenkqubo	<b>Inkqubo yesi-4: Iinkonzo zokubuyisela Injongo:</b> Ibonelela ngophuhliso

Iziphumo ze-NDP 2030	Iziphumo ze-MTSF 2019	i-OneCape2040	iInjongo zesiCwangciso sePhondo	Uthatho-nxaxheba lwe-DSD kwi-Game Change yePhondo	iInjongo ekuJoliswe kuzo zesiPhumo sesiCwangciso seSebe	Ukwakhiwa kweNkqubo yoHlahlo lwabiwo-mali
Ukwakha uluntu olukhuselekileyo. Uxhoyiso loluntu Ukwakha izizwe kunye nentsebenziswano yenitlalo-ntle.	kukhuseleko lwentlalo. Ubomi obude nobunempilo kubo bonke abantu baseMzantsi Afrika. Bonke abantu baseMzantsi Afrika bakhuselekile kwaye baziva bakhuselekile. Ukuguqula uluntu kunye nokubumba isizwe.	ubuqelwane obunakuthi bubekhona. <b>IKapa ePhilaayo:</b> Ushintsho ukusuka kujoliso lwezindlu ukuya kolo lweenkonzo, izibonelelo zoluntu kunye nothutho loluntu.			zohintelo lolwaphulo-mthetho nothintelo lokuxhaphaza iziyobisi kunye nobuyiselo esimeni ngokubanzi.	oluhlangeneyo lothintelo lolwaphulo-mthetho lwentlalo kunye neenkonzo ezichasene nokuxhatshazwa kweziyobisi kwabo basesichengeni kakhulu ngenisebenziswano nabachaphazelekayo kunye nemibutho yoluntu.
Ukwakha urhulumente okwaziyo nophuhliso. Ukhuseleko loluntu. Ukwakha izizwe kunye nentsebenziswano yenitlalo. Ukomelela nokuzinza kwezindalo. Ezoqoqosho kunye nemisebenzi.	Inkonzo yoluntu esebenzayo, efanelekileyo nejalise ekuphuhliseni. Umsebenzi ohloniphekileyo ngokusebenzisa ubandakanyo ekukhuliseni uqoqosho. Abasebenzi abanezakhono nabandako ukuxhasa indlela yokukhula ebandakanyayo.	<b>IKapa elifundileyo:</b> Ukulawula inkqubo yemifundo esebenzayo nefanelekileyo kwimigangatho yehlabathi. Ukuququzelela intsebenziswano kwinkqubo yenguqu. <b>IKapa elishishinayo:</b> Qala umsebenzi ngokusebenzisa iinkqubo zecandelo lemisebenzi yoluntu kunye noququzelelo lokudala ushishino ekuhlaleni.	Kukudala amathuba okukhula kunye nemisebenzi. Ukuphucula iziphumo zezemfundo kunye namathuba ophuhliso loluntu.	-	Kukudala amathuba ngokusebenzisa iinkonzo zophuhliso loluntu.	<b>Inkqubo yesi-5: Uphuhliso kunye noPhando</b> <b>Injongo:</b> Ibonelela ngeenkqubo zophuhliso oluzinzileyo, eziququzelela ukuxhoyiswa loluntu, okusekelwe kuphando lwamava kunye neenkqubo zachabemi.

Iziphumo ze-NDP 2030	Iziphumo ze-MTSF 2019	i-OneCape2040	Iinjongo zeSicwangciso sePhondo	Uthatho-nxaxheba lwe-DSD kwi- Game Change yePhondo	Iinjongo ekuJoliswe kuzo zesiPhumo sesiCwangciso seSebe	Ukwakhiwa kweNkqubo yoHlahlo lwabiwo-mali
	Uphuhliso lwamaphandle ngokubanzi.	<b>iKapa eIthungelano:</b> Ukuqaphela nokwandisa ubudlelwane obunakuthi bubekhona.				

## 6. IiNjongo zesiCwangciso sesiPhumo ekuJoliswe kuso seSebe

<p><b>Injongo yoku-1 yesiCwangciso sesiPhumo ekuJoliswe kuso</b></p>	<p><b>Uphuculo kulawulo loShishino</b></p> <p><b>Ingxelo yenjongo:</b> ISebe liphumeza iinkqubo zoshishino ezisebenzayo nezifanelekileyo, kuquka uphando, planning, ulwazi, ulawulo lokusebenza kunye nalapho liphucula ukusebenza kwalo kwicandelo lentlalo.</p> <p><b>Ulungiso:</b> Ukwandisa ingqibelelo yeenkqubo zoshishino ngokuthi kwenziwe izinto elubala, ukwenza izigqibo ezibandakanyayo kunye nezijolise kuphonyozo olusekele kuphando lwentlalo, kwanokubeka iliso nokunikwa kwengxelo. Iindlela zoshishino, iinkqubo kunye nolwakhiwo lombutho zizakwenziwa zibe zezisebenzayo kwaye zibe zezifanelekileyo ukuphucula ukuhamba kakuhle kweenkonzo kubo bonke kwiphondo.</p> <p><b>Unxulumano:</b> Le njongo inxulumana kwi-PSG 5: "Zinzisa ulawulo olufanelekileyo kunye nokuhambisa inkonzo ehlangeneyo ngentsebenziswano kunye nokulungelelaniswa kwendawo". Ikwaxulumene ngokusondeleyo kwisiphumo se-NDP 2030: "Ukwakha urhulumente okwaziyo nophuhliso" kwaye "olwa urhwaphilizo" kunye nesiphumo se-MTSF 2019: "Inkonzo esebenzayo, efanelekileyo nejolise ekuphuhliseni uluntu".</p>
<p><b>Injongo yesi-2 yesiCwangciso sesiPhumo ekuJoliswe kuso</b></p>	<p><b>Ukuphucula ukusebenza kwentlalo yabantu abahluphekayo nabasesichengeni ngokusebenzisa iinkonzo zentlalo-ntle.</b></p> <p><b>Ingxelo yenjongo:</b> Ukuphucula ukusebenza lwabantu abahluphekayo nabasesichengeni ngokusebenzisa uncedo olufanelekileyo LoPhuhliso Loluntu-ntle, oluxhasa nolomeleza umntu ngamnye kunye neentsapho, ngentsebenziswano nabachaphazelekayo.</p> <p><b>Ulungiso:</b> Le nkqubo ijonge ekunikezeleni ngeenkonzo eziqhubekayo zophuhliso lwentlalo-ntle kubo bonke abantu abasesichengeni kunye namaqela ngokubhekiselele kuBantu abaphila ngoKhubazeko, abantu abadala kunye nabo bafumana ubunzima ngokungafanelekanga.</p> <p><b>Unxulumano:</b> Le njongo inxulumana ne-PSG 3: "Ukwandisa impilo-ntle, ukhuselo kunye nokunciphisa izigulo zentlalo". Ikwaxulumene ne-National Outcome 2: "Ubomi nempilo ende kubo bonke abantu baseMzantsi Afrika", i-National Outcome 11: "Ukudala uMzantsi Afrika ongonono kwaye onegalelo kukhuselo lwe-Afrika kwihlabathi elingcono" kunye ne- National Outcome 13: "Inkqubo yokhuseleko lwentlalo eqakayo nesabelayo".</p>



<p><b>Injongo yesi-3 yesiCwangciso sesiPhumo ekuJoliswe kuso</b></p>	<p><b>Iinkonzo zokhathalelo nenkxaso yabantwana, iintsapho ngokubanzi ukukhusela amalungelo abantwana kunye nokukhuthaza impilo yentlalo.</b></p> <p><b>Ingxelo yenjongo:</b> Iinkonzo ezifanelekileyo zokhathalelo nenkxaso yabantwana neentsapho kunye namancedo, ekhusela, ixhasa kunye neququzelela uphuhliso lwabantwana kunye neentsapho, nentsebenziswano nabachaphazelekayo.</p> <p><b>Ulungiso:</b> Le nkqubo ijongene nokunikezela iinkonzo eziqhubekayo zophuhliso lwentlalo-ntle kubo bonke abantwana neentsapho ezisesichengeni ukuze kugcinwe ulwakhiwo losapho.</p> <p><b>Unxulumano:</b> Le njongo inxulumana ne-PSG 2: "Ukuphucula iziphumo zezemfundo kunye namathuba ophuhliso lolutsha" kunye ne-PSG 3: "Ukwandisa impilo entle, ukhuselo kunye nokunciphisa izigulo zentlalo" kunye nolungelelwaniso kwi-Game Changer yaseMva kokuphuma kweSikolo yaseNtshona Koloni. Ukongeza, inxulumana ne-National Outcome 2: "Ubomi obude nobunempilo babantu bonke baseMzantsi Afrika," i-National Outcome 11: "Ukudala uMzantsi Afrika ongcono kwaye onegalelo kubungcono nokhuselo lwe-Afrika kwihlabathi elingcono" kunye ne-National Outcome 13: "Iinkonzo equka nesabela kuKhuseleko lweNtlalo."</p>
<p><b>Injongo yesi-4 yesiCwangciso sesiPhumo ekuJoliswe kuso</b></p>	<p><b>Ukuqubisana nezigulo zentlalo ngokunikezela ngeNkqubo yokuThintela ulwaPhulo-mthetho lweNtlalo noThintelo lokuXhatshazwa kweziYobisi kunye nokuBuyiselwa kwakhona kwisidima ngokubanzi</b></p> <p><b>Ingxelo yenjongo:</b> Ukunciphisa izigulo zentlalo ngokubonelela ngothintelo lolwaphulo-mthetho lwentlalo, iinkonzo zolingo olukhethekileyo lwamabanjwa noxhatshazo lweziyobisi ezinciphisa iimeko zomngcipheko kunye nokuphuhlisa amalungu oluntu olunoxanduva, olomeleleyo kunye nolovelisayo.</p> <p><b>Ulungiso:</b> Le nkqubo ijongene nokunikezela iinkonzo eziqhubekayo yolingo olukhethekileyo lwamabanjwa kubantu abachasene nomthetho kunye namaxhoba abo, ukuphucula ukomelela kwakhona kweemeko zomngcipheko wolwaphulo-mthetho lwentlalo.</p> <p><b>Unxulumano:</b> Le njongo inxulumana ne-PSG 2: "Ukuphucula iziphumo zezemfundo kunye namathuba ophuhliso lolutsha" kunye ne-PSG 3: "Ukwandisa impilo yentlalo, ukhuselo kunye nokunciphisa izigulo zentlalo" kunye nokulungelelaniswa kwi- Game Changer ye-Alcohol-Related Harms Reduction yaseNtshona Koloni. Ukongeza, inxulumana ne-National Outcome 2: "Ubomi nempilo ende kubo bonke abantu baseMzantsi Afrika", i-National Outcome 11: "Ukudala uMzantsi Afrika ongcono nonegalelo kwi-Afrika engcono nekhuselekileyo kwihlabathi elingcono" kunye ne-National Outcome 13: "Iinkonzo equkayo nesabelayo kuKhuseleko lweNtlalo".</p>

<b>Injongo yesi-5 yesicwangciso sesiphumo ekuJoliswe kuso</b>	<b>Ukudala amathuba ngokusebenzisa iinkonzo zophuhliso loluntu</b>
	<b>Ingxelo yenjongo:</b> Ukudala amathuba abantu kunye nawoluntu ukuphuhlisa ulwandiso lokuxhotyiswa kwintlalo nakuqoqosho kunye nokomelela okusekelwe kuphando lwamava.
	<b>Ulungiso:</b> Le nkqubo ijongene nokukhuthaza ubandakanyo lwentlalo kunye nokunciphisa intlupheko ngokubonelela ngofikelelo kwiinkqubo zophuhliso loluntu oluzinzileyo ukudala amathuba okuzimela kubo bonke abantu.
	<b>Unxulumano:</b> Le njongo inxulumana ne-PSG 2: "Ukuphucula iziphumo zezemfundo kunye namathuba ophuhliso lolutsha", i-PSG 3: "Ukwandisa impilo-ntle, ukhuselo kunye nokunciphisa izigulo zentlalo" kunye ne-PSG 5: "Ukuzinzisa ulawulo olufanelekileyo kunye nokuhanjiswa kwenkonzo ehlangeneyo ngentsebenziswano nolungelelwaniso lwendawo". Le njongo inxulumana ne-National Outcome 11: "Ukudala uMzantsi Afrika ongcono kunye nonegalelo kwi-Afrika engcono nekhuselekileyo kwihlabathi elingcono" kunye ne-National Outcome 13: "Inkonzo equkayo kunye nesabelayo yoKhuselo lweNtlalo".

Qaphela: Izalathisi zenjongo yesicwangciso kunye neenkcazelo zesalathisi esilandelayo zibonisiwe kwisiHlomelo B: IiTheyibile zeNkcazelo yeSalathisi soBuchule.

## 7. Isishwankathelo sohlalo lwabiwo-mali lowama-2019/20 kunye noqikelelo lwe-MTEF

### 7.1 Iingqikelelo zeNkcitho

#### Isishwankathelo seentlawulo kunye noqikelelo

Inkqubo R'000	Isiphumo			Ulwabiwo oluphambili ii	Ulwabiwo olungisi weyo	Uqikelelo oluhlaziyi weyo	Uqikelelo lwesithuba esiphakathi enyakeni			I-% yoTshintsho oluvela kuqikelelo oluhlaziyiweyo
	Esiphico thiweyo 2015/16	Esiphico thiweyo 2016/17	Esiphico thiweyo 2017/18				2018/19	2019/20	2020/21	
1. Ulawulo	174 273	185 987	199 785	217 894	221 611	221 611	232 067	246 291	262 032	4.72
2. IiNkonzo zeNtalo-ntle	719 877	768 382	844 071	896 905	896 017	896 017	1 002 627	1 081 084	1 148 866	11.90
3. Abantwana neeNtsapho	601 064	611 241	649 911	694 273	694 783	694 783	753 835	791 781	827 237	8.50
4. IiNkonzo zokuBuyisela	318 985	344 612	351 578	386 697	385 265	385 265	415 238	445 416	472 757	7.78
5. Uphuhliso kunye noPhando	77 873	49 771	58 772	45 895	49 116	49 116	60 612	63 917	67 901	23.41
<b>Zizonke iintlawulo noqikelelo</b>	<b>1 892 072</b>	<b>1 959 993</b>	<b>2 104 117</b>	<b>2 241 664</b>	<b>2 246 792</b>	<b>2 246 792</b>	<b>2 464 379</b>	<b>2 628 489</b>	<b>2 778 793</b>	<b>9.68</b>

#### Intshayelelo yeentlawulo kunye noqikelelo ngokodidi lwezoqoqosho

Udidi lwezoqoqosho R'000	Isiphumo			Ulwabiwo oluphambili ii	Ulwabiwo olungisi weyo	Uqikelelo oluhlaziyi weyo	Uqikelelo lwaphakathi enyakeni			I-% yoTshintsho oluvela kuqikelelo oluhlaziyiweyo
	Esiphico thiweyo 2015/16	Esiphico thiweyo 2016/17	Esiphico thiweyo 2017/18				2018/19	2019/20	2020/21	
<b>Iintlawulo zangoku</b>	<b>800 018</b>	<b>873 204</b>	<b>922 749</b>	<b>1 008 803</b>	<b>1 009 200</b>	<b>1 008 932</b>	<b>1 129 499</b>	<b>1 208 979</b>	<b>1 276 314</b>	<b>11.95</b>
Ibuyekezo yabasebenzi	620 270	678 650	737 386	812 267	810 964	810 692	890 964	955 794	1 012 019	9.90
Iimpahla neenkonzo	179 748	194 554	185 363	196 536	198 236	198 240	238 535	253 185	264 295	20.33
<b>Udluliselo kunye nezibonelelo</b>	<b>1 063 154</b>	<b>1 057 639</b>	<b>1 146 960</b>	<b>1 198 476</b>	<b>1 202 823</b>	<b>1 203 091</b>	<b>1 296 362</b>	<b>1 379 012</b>	<b>1 459 688</b>	<b>7.75</b>
Ikwii-arhente nee-akhawunti zeSebe	32	33	28	21	21	21	21	26	26	
Kumaziko angenzi-nzuzo	1 052 555	1 047 132	1 136 307	1 189 876	1 193 909	1 193 905	1 287 188	1 369 363	1 449 582	7.81
Kwizindlu	10 567	10 474	10 625	8 579	8 893	9 165	9 153	9 623	10 080	(0.13)
<b>Iintlawulo zee-asethi ezinkulu</b>	<b>27 779</b>	<b>27 913</b>	<b>33 308</b>	<b>34 385</b>	<b>33 884</b>	<b>33 884</b>	<b>38 518</b>	<b>40 498</b>	<b>42 791</b>	<b>13.68</b>
Izakhiwo kunye nezinye izakhiwo ezisisigxina										
Oomatshini nezikhobo	27 766	27 913	33 293	34 385	33 884	33 884	38 518	40 498	42 791	13.68
I-Software kunye nezinye ii-asethi ezingaphathwayo	13		15							
<b>Iintlawulo zee-asethi zemali</b>	<b>1 121</b>	<b>1 237</b>	<b>1 100</b>		<b>885</b>	<b>885</b>				<b>(100.00)</b>
<b>Iyonke eyodidi lwezoqoqosho</b>	<b>1 892 072</b>	<b>1 959 993</b>	<b>2 104 117</b>	<b>2 241 664</b>	<b>2 246 792</b>	<b>2 246 792</b>	<b>2 464 379</b>	<b>2 628 489</b>	<b>2 778 793</b>	<b>9.68</b>

## Ukuxulumanisa iindlela zenkcitho kwiinjongo zesiphumo sesicwangciso ekujoliswe kuso

ISebe ilungelelanise okuphambili kwalo neziphumo zikazwelonke kunye nee-PSG, nolwabiwo lwenkxaso-mali kuhanjiso lwenkonzo kwiindawo eziphambili zokhathalelo nokhuseleko lwabantwana, abantu abadala, aBantu abaphila ngoKhubazeko, iinkonzo zoxhaphazo lwezinyobisi kunye nophuhliso lolutsha. Ugaqaliselo lwethu lusekufezekiseni izibhambathiso zethu ezandileyo ezisemthethweni ezivela kubhengezo nakuphunyezo lomthetho kuquka uMthetho woThintelo kunye noNyango loXhatshazo lweziYobisi (70/2008), uMthetho waBantwana wezoBulungisa baBantwana kunye noMthetho waBantu aBadala (13/2006).

### IziGqibo zoHlahlo lwabiwo-mali

Ezi zigqibo zohlahlo lwabiwo-mali zilandelayo ezinxulumene nokuphambili kumgaqo-nkqubo iphenjelelwe yinkqubo yokuphambili kweSebe:

Izigqibo zohlahlo lwabiwo-mali	Oyena ndoqo wohlahlo lwabiwo-mali kunye nemingcipheko yokuhanjiswa kwenkonzo	Uncitshiso lomngcipheko
Ukuzalisekisa uxanduva olusemthethweni ngokumalunga noMgaqo-siseko kunye neminye imithetho efanelekileyo.	<ul style="list-style-type: none"> <li>● Umangalelwano apho iSebe lisileleyo okanye lingenako ukuthobela ngokupheleleyo nezigunyaziso zalo ezisemthethweni</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>● Ukuqinisekisa ngophuculo ngokubeka emgangathweni kohanjiso lweenkonzo</li> </ul>
Ukuqaphela ixabiso lemali kuhanjiso lohlahlo lwabiwo-mali ngaphandle kokunciphisa ukusebenza kwe-NPO	<ul style="list-style-type: none"> <li>● Ukungabinako kwe-NPO ukuqinisekisa ngothotyelo lwemimiselo, imigangatho kunye nemithetho, ukuvakwa okanye ukwehlisa izinga lemithetho esebenzayo.</li> <li>● Ukuhla kwengxelo yokuhanjiswa kwenkonzo.</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>● Ukunyuka kweendleko zeyunithi kwi-NPO kunye nenkxaso-mali yesibonelelo samva koonontlalo-ntle, koomlawuli bentlalo-ntle kunye nakoonontlalontle-abancedisayo kunye nabasebenzi basezi-ofisini</li> <li>● I-DSD ithabathela kuyo iinkonzo apho ii-NPO zingenako ukubonelela ngeenkonzo, ngesongezo sokuzaliswa kwemisebenzi yoonontlalo-ntle besebe.</li> <li>● Iindawo zeebhedi ezingama-30 ezongezelelweyo zabelwe iSivuyile, iziko labantwana leSebe nokuziphatha okungumceli mngeni.</li> <li>● Izenzo ezimiselweyo kunye nemigaqo-nkqubo ngokubhekiselele kwinkqubo yokunikela ngenkxaso-mali; ngenxa yenkuthalo yee-NPO phambi kokuba kunikezelwe ngenkxaso-</li> </ul>

<b>Izigqibo zohlahlo lwabiwo-mali</b>	<b>Oyena ndoqo wohlahlo lwabiwo-mali kunye nemingcipheko yokuhanjiswa kwenkonzo</b>	<b>Uncitshiso lomngcipheko</b>
		mali; kunye nobeko-sweni oluqhubekayo kunye neenkonzo zovavanyo lwe-NPO.
Ukumiselwa nokugcina ii-ofisi zokuhambisa inkonzo kwiziza ezifanelekileyo nezilungele oko.	<ul style="list-style-type: none"> <li>● Ukuncitshiswa komzila wesibonelelo esikhokelela ekunyusweni kwezohambo kunye neendleko ezihambelana nokuhanjiswa kweenkonzo.</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>● Ulungiso okuvunyiweyo kunye neeprojekthi ezinkulu lukunye neSebe lezoThutho neMisebenzi yoLuntu (DTPW), kunye neentlanganiso zeproject zenyanga.</li> </ul>
Iindlela zokhuseleko lwabasebenzi eziphuculiweyo	<ul style="list-style-type: none"> <li>● Ukhuseleko lwabasebenzi abahambisa iinkonzo kwiindawo ezinomngcipheko omkhulu.</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>● Iikontrakthi zokhuseleko zimiselwe kwiindawo zonke zeenkonzo; kunye nobeko-sweni oluqhubekayo ukuqinisekisa ukuba iinkonzo zokhuseleko ezinikezelwayo zilungelelaniswe nomlinganiselo womngcipheko wendawo yengingqi nganye.</li> <li>● Intsebenziswano nabachaphazelekayo abanje nge-SAPS, ezoBulungisa kunye noluntu lwasekuhlaleni kwingingqi nganye.</li> </ul>
I-ECD kunye ne-Partial Care	<ul style="list-style-type: none"> <li>● Ukuphelelwa kobhaliso lwe-ECD kungoko inikezela nge-ECD yesibonelelo sendleko seyuniti engafanelekanga.</li> <li>● Ukumangalelana apho isebe lingenako ukuzalisa isigunyaziso salo</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>● Ukwanda kwendleko yeyuniti yesibonelelo se-ECD kuny nese-ASC.</li> <li>● Ukubeka embindini ubhaliso lweendawo ze- ECD.</li> <li>● Ukugcina isigaba seprojekthi yesi-2 ye-PSG 2 ECD.</li> </ul>
Ukuhlanganisa inkqubo Isibindi kunye nolwandiso lwayo (Ukhathalelo neNkxaso kwiiNtsapho)	<ul style="list-style-type: none"> <li>● Ukuncitshiswa kweenkonzo zokhuseleko lwaBantwana ngenxa yokulwa kwe- NPO.</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>● Inkqubo yandisa unxulumano loKhathalelo lwaBantwana kunye neenkonzo zoKhuseleko ngokusebenzisa indibaniselwano ye-Drop-in kunye namaziko asemva kokuphuma kwesikolo, inkqubo ye-Eye-On-The-Child, iinkqubo eziphazamisayo kunye noqeqesho labasebenzi abakhathalela abantwan</li> </ul>

<b>Izigqibo zohlahlo lwabiwo-mali</b>	<b>Oyena ndoqo wohlahlo lwabiwo-mali kunye nemingcipheko yokuhanjiswa kwenkonzo</b>	<b>Uncitshiso lomngcipheko</b>
		nolutsha. Ngoko ibonelela ngenkxaso eyongezelelwe kwiindlela ezikhoyo zokhuseleko lwabantwana.
UkuXhotyiswa kamaXhoba	<ul style="list-style-type: none"> <li>● Ufikelelo olunomlinganiselo kwiinkonzo kumaxhoba orhwebo ngabantu, uxhatshazo labasetyhini kunye nabantwana babo.</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>● Ukunyusa indleko yeyunithi yesibonelelo seendawo zebhedl kwindawo zokhuseleko zoxhatshazo lwabasetyhini; uphuculo lwezokhuselo; kunye nobonelelo ngophuhliso lwezakhono kunye namathuba okuhamba komsebenzi.</li> </ul>
Ulungiso kunye nophuhliso lwe-ICT –	<ul style="list-style-type: none"> <li>● Ukuguga kwezixhobo zokusebenza.</li> <li>● Ukungabinako ukuphuhlisa imisebenzi ekhethekileyo ngokweemfundo zoshishino lwesebe</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>● Ukwandiswa kokuhlaziywa kweekhompuyutha ukusuka kwiminyaka emihlanu ukuya kwemithandathu.</li> <li>● Beka phambili inkqubo ebalulekileyo/uphuhliso lokuhamba komsebenzi.</li> </ul>

## Icandelo B: Iinjongo zesiCwangciso kunye neeNkcukacha zeeNkqubo

Eli candela le-APP lisetyenziselwa ukumisela ekujoliswe kuko ngokomsebenzi wohlahlo lwabiwo-mali lonyaka ozayo kunye nethuba le-MTEF ngenjongo yesicwangciso ngasinye esiboniswe kwiCandelo B lesiCwangciso seQhinga. Izalathisi zokusebenza eziza kuququzelela uvavanyo lomsebenzi ngokubanzi wenkqubo nganye zikwabandakanyiwe.

Itheyibhile engezantsi ibonisa uKwaxhiwa koHlahlo lwabiwo-mali lweNkqubo.

### Ukwaxhiwa koHlahlo lwabiwo-mali lweNkqubo ngowama-2019/20

Inkqubo	Inkqutyana
1. Ulawulo	1.1 I-ofisi ka-MEC 1.2 IiNkonzo zoLawulo loShishino 1.3 Ulawulo lweSithili
2. IiNkonzo zeNtlalo-ntle	2.1 Ulawulo kunye neNkxaso 2.2 IiNkonzo kuBantu aBadala 2.3 IiNkonzo kuBantu abaphila ngoKhubazeko 2.4 Ugawulayo neNtsholongwane yakhe 2.5 Uncedo loLuntu
3. ABantwana kunye neeNtsapho	3.1 Ulawulo kunye neNkxaso 3.2 Ukhathalelo kunye neeNkonzo kwiiNtsapho 3.3 Ukhathalelo lwaBantwana kunye noKhuseleko 3.4 I-ECD kunye ne-Partial care 3.5 AmaZiko aBantwana kunye noLutsha 3.6 IiNkonzo zoKhathalelo lwabantwana eziSekelwe kuLuntu
4. IiNkonzo zoBuyiselo	4.1 Ulawulo kunye neNkxaso 4.2 Uthintelo loLwaphulo-mthetho kunye nenkxaso 4.3 Ukuxhotyiswa kwamaxhoba 4.4 Ukuxhatshazwa kweziYobisi, uKhuseleko kunye nokuBuyiselwa kwakhona esimeni
5. Uphuhliso kunye noPhando	5.1 Ulawulo kunye neNkxaso 5.2 Ukuhlaliswa koLuntu 5.3 Ukuxhotyiswa kwamaziko kunye nenkxaso kwii-NPO 5.4 UkuDambisa ubuHlwempu kunye nokuPhila okuZinzileyo 5.5 Uphando noCwangciso oluSekelwe kuLuntu 5.6 zabantwana kolutsha 5.7 Ukuphuhliswa kwabasetyhini 5.8 UkuKhuthazwa koMgaqo-nkqubo waBemi

## **8. Inkqubo yoku-1: Ulawulo**

### **Injongo yeNkqubo**

Kukuthatha ulawulo olucwangcisiweyo kwaye ixhasa iinkonzo kuwo onke amaqanaba eSebe oko kukuthi amaqanaba ePhondo, eNgingqi, eSithili kunye namaZiko/iNdawo.

Gqophela: iziko leNkonzo yoShishino, ligunyaziswe kwiSebe leNkulumbuso, libonelela ngeenkono zenkxaso kuLawulo lwezeMisebenzi kwiSebe.

Inkqubo ibandakanya ezi nkqutyana zilandelayo:

### **Inkqutyana 1.1 I-ofisi ka-MEC**

### **Injongo yeNkqutyana**

Kukubonelela ngomda kwezopolitiko nemithetho phakathi korhulumente, uluntu, kunye nabanye abachaphazelekayo.

### **Inkqutyana 1.2 IiNkonzo zoLawulo loShishino**

### **Injongo yeNkqutyana**

Kukubonelela ngesikhokelo sesicwangciso kunye nokuphatha ngokubanzi kunye nolawulo lweSebe.

### **Olonqo gqaliselo lweNkqubo**

Ngeeli xesha lonyaka-mali, inkqubo yoku-1 izakugxila kwezi ndawo zesicwangciso zilandelayo:

- Uphunyezo lwesakhiwo sombutho nenkqubo yokuhlaziywa khakhona kweSebe ukuphucula umthamo wokuhanjwa kwenkonzo kunye nomsebenzi wokubeka iliso;
- Ukwakha ngokuchanekileyo umthamo wabasebenzi ngokusebenzisa uncedo olujoliswe kuqeqesho olusekelwe kwiimfuno zeSebe kunye nelungu ngalinye lomsebenzi; kunye
- Nokuphucula izenzo zoLawulo phakathi kwiSebe ukugcina iwonga lophicotho olucocekileyo olungenaziphene ngokubhekisele to both kulawulo lwezemali kunye neenjongo ezimiselwe kwangaphambili.



## Injongo yesiCwangciso

<b>Injongo yesicwangciso</b>	Kukubonelela ngeenkonzozo zesicwangciso senkxaso ukuze kukhuthazwe ulawulo olufanelekileyo kunye nokuhanjiswa kwenkonzo esemgangathweni.
<b>Ingxelo yeNjongo</b>	Kukubonelela ngeenkonzozo zesicwangciso senkxaso ukuze kukhuthazwe ulawulo olufanelekileyo kunye nokuhanjiswa kwenkonzo esemgangathweni kweyokwindla kowama-2020.
<b>Isiseko</b>	Isiseko: Uphicotho olucocekileyo.
<b>Ulungiso</b>	Ukuphucula inkuthalo ye- WCG ekuhambiseni inkonzo ephucukileyo.
<b>Unxulumano</b>	Le njongo inxulumana ne- PSG 5: 'Ukuzinzisa ulawulo olufanelekileyo kunye nokuhanjiswa kwenkonzo ehlangeneyo ngokusebenzisa intsebenziswano kunye nolungelelaniso lwendawo.' kunye neNjongo yoku-1 yesiCwangciso seSebe: "uLawulo loShishino oluPhucukileyo". Ikwaxulumana ngokusondelelo kwisiphumo se- NDP 2030: 'Ukwakha urhulumente onako kunye nophuhliso' kwaye 'Owa urhwaphilizo' kunye nesiphumo se-MTSF sama-2019: 'Inkonzo ekhuthelweyo, efanelekileyo nejolise kuphuhliso loluntu'.

1.2.1 Injongo yesicwangciso	Isalathiso sesicwangciso senjongo yokusebenza senjongo yesicwangciso	Ekujoliswe kuko sasicwangciso seqingqa	Umsebenzi ophicothiweyo/owenziweyo				Umsebenzi oqikeleliweyo 2018/19	Ekujoliswe kuko kwisigaba esiphakathi enyakeni		
			2015/16	2016/17	2017/18	2019/20		2020/21	2021/22	
Ukubonelela ngeenkonzozo zesicwangciso senkxaso ukukhuthaza ulawulo olufanelekileyo nokuhanjiswa kwenkonzo esemgangathweni.	Uluvo lwe-AG kuphicotho lweenkxelo zezemali kunye nengxelo ekusebenzeni nasekuthembekeni kweenkcukacha zomsebenzi ekunikwe ingxelo ngawo.	Uluvo lophicotho olungenaziphe ne ngaphandle kwemiba yogxininiso nokuba akukho zinto zifunyenweyo kwimiba yezemali ekusebenzeni nasekuthembekeni kweenkcukacha zomsebenzi ekunikwe ingxelo ngawo.	Uphicotho olucocekileyo	Uphicotho olucocekileyo	Uphicotho olucocekileyo	Uphicotho olucocekileyo	Uluvo lophicotho olungenaziphe ne ngaphandle kwemiba yogxininiso nokuba akukho zinto zifunyenweyo kwimiba yezemali ekusebenzeni nasekuthembekeni kweenkcukacha zomsebenzi ekunikwe ingxelo ngawo.	Uluvo lophicotho olungenaziphe ne ngaphandle kwemiba yogxininiso nokuba akukho zinto zifunyenweyo kwimiba yezemali ekusebenzeni nasekuthembekeni kweenkcukacha zomsebenzi ekunikwe ingxelo ngawo.	Uluvo lophicotho olungenaziphe ne ngaphandle kwemiba yogxininiso nokuba akukho zinto zifunyenweyo kwimiba yezemali ekusebenzeni nasekuthembekeni kweenkcukacha zomsebenzi ekunikwe ingxelo ngawo.	

## Izalathisi zenkqubo yokusebenza

Isalathisi senkqubo yokusebenza	Umsebenzi ophicothiweyo/owenziweyo				Uqikelelo olwenziweyo 2018/19	Ekujoliswe kuko kwisigaba esiphakathi enyakeni		
	2015/16	2016/17	2017/18	2019/20		2020/21	2021/22	
1.2.1.1 Inani lamangenelelo oqeqesho lobunontlalo-nile kunye nemisebenzi enxulumene nobunontlalo-nile.	25	25	25	25	25	29	29	
1.2.1.2 Inani labafundi abaqeqeshwa phantsi kwenkqubo yenkulumbuso yenkqubela-phambili kulutsha (PAY).	20	20	24		20	20	20	
1.2.1.3 Inqanaba le-MPAT loMgangatho woLawulo: iziCwangciso zokuSebenza zoNyaka. <sup>12</sup>	3.5	4	4		4			
1.2.1.4 Inqanaba le-MPAT loMgangatho woLawulo: ulawulo lweNisebenziswano lwe-ICT <sup>12</sup> .	4	4	4		4			
1.2.1.5 Inqanaba le-MPAT leNdawo yokuSebenzela: ulawulo lweNtengiso <sup>12</sup> .	4	4	4		4			
1.2.1.6 Inqanaba le-MPAT leNdawo yokuSebenzela: ulawulo lweNkafho <sup>12</sup> .	4	4	4		4			
1.2.1.7 Inqanaba le-MPAT leNdawo yokuSebenzela: Ukubeka iliso <sup>12</sup> .			Isalathisi Esitsha					
1.2.1.8 Inqanaba le-MPAT leNdawo yokuSebenzela: Uvavanyo <sup>12</sup> .			Isalathisi Esitsha					

<sup>12</sup> KweyoMqungu wama-2019 i-DPME ayiqhubekanga ngesiXhobo sokulawula uVavanyo lokuSebenza soLawuludiscontinued the Management Performance Assessment Tool (MPAT) njengesixhobo sokuThabela.

## Uhlalutyo lwekota

Isalathisi sokusebenza kwenkqubo	UNXULUMANO LWE-PSG	Ixesha lokunika ingxelo	Ekujoliswe kuko ngonyaka 2019/20	Ekujoliswe kuko ngekota				Okongezelele kayo/ Okungongezel elekiyo
				Yoku-1	Yesi-2	Yesi-3	Yesi-4	
1.2.1.1 Inani lamangenelelo oqeqesho lobunontlalo-nile kunye nemisebenzi enxulumene nobunontlalo-nile.	5	Ngekota	29	6	11	6	6	Okongezelelek ayo
1.2.1.2 Inani labafundi abakuqeqesho lomsebenzi loLutsha kwi-Premier Advancement of Youth (PAY).	5	Ngonyaka	20	-	-	-	20	Okungongezel elekiyo
1.2.1.3 Inqanaba le-MPAT loMgangatho woLawulo: iziCwangciso zokuSebenza zoNyaka.	5	Ngonyaka						
1.2.1.4 Inqanaba le-MPAT loMgangatho woLawulo: uLawulo loShishini lwe-ICT.	5	Ngonyaka						
1.2.1.5 Inqanaba le-MPAT lweNdawo yokuSebenzela: uLawulo lweNfengo.	5	Ngonyaka						
1.2.1.6 Inqanaba le-MPAT lweNdawo yokuSebenzela: uLawulo lweNkcitho	5	Ngonyaka						
1.2.1.7 Inqanaba le-MPAT lweNdawo yokuSebenzela: Ukubeka iliso	5	Ngonyaka						
1.2.1.8 Inqanaba le-MPAT lweNdawo yokuSebenzela: Uvavanyo	5	Ngonyaka						

### Inkqutyana 1.3 uLawulo lweSithili<sup>13</sup>

#### Injongo yeNkqutyana

Kukubonelela ngolungelelwaniso, ulawulo nokunikwa kweenkonzo kwinqanaba lesithili phakathi kwiSebe.

<sup>13</sup> ULawulo lweSithili esiyintloko lumiselwe ngokubhekiselele kulwakhiwo loHlahlo lwabiwo-mali lukaZwelonke. Nangona, i-DSD yeNtshona Koloni isebenza ngokwee-ofisi zengingqi.

## 8.1 Ukulungelelanisa okujoliswe kuko ngumsebenzi nohlahlo lwabiwo-mali kunye ne-MTEF Uqikelelo lweNkcitho

### Isishwankathelo seenflawulo kunye noqikelelo – iNkqubo yoku-1: Ulawulo

	Isiphumo			Ulwabiwo oluphambili	Ulwabiwo olulungisiweyo	Uqikelelo oluhlaziyiweyo	Uqikelelo lwesithuba esiphakathi enyakeni			I-% Yobhinqsho oluveka kuqikelelo oluhlaziyiweyo
	Esiphicathweyo 2015/16	Esiphicathweyo 2016/17	Esiphicathweyo 2017/18				2019/20	2020/21	2021/22	
<b>Inkqubanya R000</b>										
1.1 I-ofisi ka- MEC	5 864	6 418	6 868	7 267	7 833	7 833	7 958	8 498	9 105	1.60
